


UYOSEFU UHLANGANA

NABANTAKWABO

 . . . ngelizwi elaneleyo lokuthetha kancinane. Kwaye ndikhe ndanomqala obuhlungu ixesha elide. Kwaye—kwaye, ngale ntsasa, ndingenwe yingqele eyoyikekayo; kukhangeleka ngathi, ngalo lonke ixesha ndisihla, ngandlela ithile, ndingene kanye kule ntlambo. Izolo bendithetha nabanye babazalwana xa besiphezulu kumaququhuva eNew Albany, ndajonga ezantsi ngale ndlela. Ndathi, “Nasiya isizathu, kanye phaya.” Yinkungu nje ejingayo ngapha, kunye nokufana nesidyobho kwisixeko sonke. Kwaye nje ukuba ndingene kulo mmandla, kanye njengokuba ndisehlela ngaphakathi apha, nantso isiya, yabona, kwakhona, kwamsinya nje ukuba ndingene. Owu, kufuneka ndithabathe intente ndize ndenyukele encotsheni yenduli, ndaweni ithile, ndimise inkampu. Kuba, singabahambi nje nabasemzini, nakanjani na, akunjalo? “Sifuna iSixeko esimakhi noMenzi waso inguThixo.” Yiloo nto esiyithandayo. Ngoku sinezinye . . .

² Kanye phambi kwenkonzo, ngale ntsasa, naphambi kwemfundiso yesikolo seCawe, sinoku—kunikezelwa kweentsana. Kwaye umntakwethu unoluncinci anqwenela ukulunikezela eNkosini; umzalwana wam, enyameni. Kwaye mhlawumbi, abanye kuni bomama nootata balapha banomnye omncinane omelwe kukunikezelwa. Ngoku, ngamaxesha amaninzi, eBhayibhileni . . .

³ Kwaye siye saba nezantlukwano ezininzi ezinkonzweni, ngenxa yolwazi lwengqondo olwakhukeneyo ngobhaptizo lweentsana, njalo njalo. Kwaye, ngoku, abo bazithabathayo, bazifefe ukwenzela ubhaptizo lweemveku, oko kuxhomekeke kuyo nayiphi na indlela ofuna ukuyinikezela ngayo. Kodwa, yonke loo nto inyukela kwinto enye, ukuzinikela eNkosini. Yabona? Kwaye ngoku . . .

⁴ Ngokuba, usana, kangangokuba isono, alunaso. UYesu wafa ukuze asuse izono zehlabathi. Kwaye usana alwezanga sono, kuphela . . . Ngumoni. Luzalelwa esonweni. Kodwa xa uKristu wafayo eKhalvari, Wazisusa izono zehlabathi, kwaye usana alunaxanduva de lube yiminyaka yokuziphendulela. Kwaye naluphi na usana oluncinci, kungakhathaliseki ukuba abazali banesono kangakanani, kwamsinyane nje lusifa, luya ngqo ezingalweni zikaKristu, yabona, ngokuba Walihlawula ixabiso. Akunamsebenzi nokuba lusana oluzalelwe esonweni, kwaye ngokukrexeza okanye nokuba yintoni na, akwenzi mahluko

konke konke, olo sana lukhuselekile kunye noKristu kuba wafa ukuze asuse izonozehlabathi. Kwaye xana—xana likhule ngokwaneleyo ngoku, ngokokude lenze isono sobuqu, ngoko limelwe kukuguqukela oko likwenzileyo. Kodwa alunasono sobuqu de libe lidala ngokwaneleyo ukuba lenze isono, ukwazi ukuba yeyiphi elungileyo nengalunganga. Kodwa, ngoku, sihlala sizama ukuhlala sisondele kanye eBhayibhileni ngezi zinto, njengokuba sisazi ukuba njani na.

⁵ Ngoku, akukho Sibhalo eBhayibhileni, sokufefa iintsana. Inye kuphela into esiyifumanayo... Okanye, akukho lubhaptizo lweentsana eBhayibhileni, nangaluphi na uhlobo. Indawo ekukuphela kwayo esinokuyifumana, ebhalwe apha eZibhalweni, apho uYe... "Bazisa kuYesu abantwana abancinane, kwaye Wabathabathela ezingalweni Zakhe, wabasikelela, waze wathi, 'Bavumeleni abantwana beze kuM, ningabaleli, kuba ubuKumkani beZulu bubo banjalo.'"

⁶ Ngoku, kuba, ngoku, njengokuba Endulukile waya kuThixo, kwaye ehleli ngasekunene, namhlanje, emzimbeni Wakhe wenyama, naphezu kweTrone kaThixo, kwaye Uyalele iBandla Lakhe ukuba liye kulo lonke ihlabathi kwaye liqhubeke nemisebenzi Awayiqalayo apha xa Wayelapha emhlabeni, oko kukuthi, ukushumayela iVangeli, ukuphilisa abagulayo, nokunikezela abantwana, njalo njalo, ke ngoko abathandekayo bayalwela ukuba bazise abancinci babo eNkosini, ngokubanika umalusi wabo, ezingalweni zakhe, aze abaphakamisele, ngokholo, kuKristu, aze acele uKristu ukuba abasikelele.

⁷ Kwaye, ke, ukuba unaye omncinci onga—ongakhange wamnikezela eNkosini, kwaye ungafuna ukumzisa ngelixa udade wethu edlala ipiyano, *Bangeniseni Ngaphakathi*, kwaye siyicile. Bangaphi abalaziyo iculo elidala elithi, *Bangeniseni Ngaphakathi?* Kwaye oko kulungile. Ngoku, uMnu. noNkoskz. Henry Branham bayakuza nomncinci wabo. Kwaye nayiphi na intsalela enabanye abafuna ukuyizisa, ke, banyuse kanye ngeli xesha ngoku ukwenzela ukunikezelwa. Konke kulungile.

Bangeniseni ngaphakathi, bangeniseni
ngaphakathi
Bangeniseni ngaphakathi ukusuka emasimini
esono;
Bangeniseni ngaphakathi, bangeniseni
ngaphakathi, (...?....)

⁸ Ndifuna ukunibonisa omnye uBranham omncinane, uMary Ella Branham omncinane. Yintombi yomntakwethu kunye nomfazi wakhe othandekayo. Ukuba, beze ngaphambili ngale ntsasa, enkonzweni, ukunikela umfo omncinane, ubomi, bubuyisela kuThixo, Owabanikayo.

Ngoku singathoba iintloko zethu okomzuzwana nje.

⁹ Bawo wethu waseZulwini onobubele, njengoko emi apha phambi kwam namhlanje, owam umntakwethu wasenyameni, nomtshakazi wakhe, inkosikazi yakhe. Kwaye Uwasikelele kakhulu amakhaya abo ngalo Mary Ella mncinane, ukubanika uvuyo kwimihla ephambi kwabo. NdiyaKubulela ngokukhumbula kwabo apho usana luvela khona, kwaye ukuluzisa namhlanje ebandleni, ukuze babe nokulibuyisela kuWe. Kwaye ngoku ndinikela usana kuWe, ezingalweni zokholo, kwaye ndiKucela ukuba usikelele lo mncinane ndimbambileyo. Kwaye lwanga lungaphila kwaye likhule. Kwaye ukuba uYesu uyalibala, lwanga lingaba sisicaka Sakho, sokuKukhonza.

¹⁰ Sikelela uyise nonina. Kwaye, Thixo, siphe ukuba uMoya Wakho oyiNgewele ubakhokele kuhambo lobomi. Kwaye ngamini ithile, xa oluhambo lokunqula lwasemhlabeni luya kuphela, lwanga lonke usapho olukhulu lungahlanganisana kunye eBuqaqawulini. Siphe oko, Nkosi. Kude kube lelo xesha, wanga umntwana angakhula kwaye asikelelwe nguThixo, aphile kwaye omelele, kwaye lube ngumzekelo wobumfazi kwimihla yayo ezayo. Kwaye siya kukuKunika indumiso. Kuba sinikela usana kuWe ngoku, eGameni likaYesu Kristu, uNyana Wakho. Amen.

¹¹ Kwaye ndilubuyisela kuni. UThixo akusikelele. INkosi ikusikelele. Konke kulungile.

Iinkumbulo ezixabisekileyo, indlela ezihlala
ixesha elide ngayo,
Zithunyelwe ukusuka kwenye indawo ukuya
emphefumleni wam;
Njengoko zihlala ixesha elide, zisoloko
zikufuphi kum,
Ezixabisekileyo, iindawo ezingcwele
ziyatyhileka.

¹² Indlela esiyidumisa ngayo iNkosi yethu ethandekayo ngabo bonke abancinane! Uyazi, ibonakala ingaqhelekanga indlela esasikhe saba bancinci ngolwahlobo ngayo. Kwaye kukho into malunga nosana olungenalunya, oluxolelayo kwaye lunobubele. Kwa neNkosi yethu yafanisa nabo, yathi, “Ngaphandle kokuba uguquke ube njengomnye waba bancinane,” lula kakhulu.

¹³ Ndiyamqaphela uJoseph wam omncinane, indlela nje akwiminyaka yokuba abe kuyo yonke into, kwaye umama uyakufuneka nje amlungise. Kwaye uyakutsala isibane sisuke, okanye nantoni na engaphezulu, ukuva nje ukuba ibetheka emgangathweni. Kwaye ukuba kuyenzeka ukuba umama ambethe, okanye into ethile, uyakukhwela ezingalweni zakhe amwolele ngolo hlobo.

¹⁴ Simelwe kukuxolelwa, omnye komnye, njengaba bantwana bancinane, ukuze singene eBukumkanini.

15 Ngoku, siyambulela uThixo ngolu sana luncinane, uMary Ella Branham omncinane. Kwaye yanga lungaphila, lukhule kwaye luphumelele, kwaye libe sisicaka seNkosi. Kwaye langa ikhaya elikhuliselwa kulo libe likhaya lobuKristu, ukuze libe nokuvela ekumdumiseni uKristu.

16 Kwaye ngoku sikhona... (Enkosi, Dade uGertie.) Kwaye ngoku aba bancinane bathathe indawo zabo kwigumbi leeklasi zesikolo seCawe.

17 Kwaye umalusi we—wenze izibhengezo zokuba iinkonzo ziya kuba phi namhlanje, nangomso, ngokuhlwa kwangomso. Ngale mvakwemini, ziya... Ngokwazi kwam, akukho nkonzo zivulileyo, ngaphandle kokuba iyakuba yeminye yemishini encinci eLouisville, esiqhelene nayo, uMzalwana wethu uDurban kunye noninzi lwabo. Ndinga ukuba banenkonzo yasemva kwemini ngeCawe.

18 Ndineefowuni ezininzi. Abantu abaninzi bakwiibhedhi zezigulane, njalo njalo, ukuba bathandazelwe, abagulayo nabaxhwalekileyo.

19 Iinkonzo zam ezilandelayo ziya kuba seCleveland, eTennessee, ukuqala ngobusuku bangoLwesihlanu olandelayo, ngoLwesihlanu ukuya ngeCawa.

20 Kwaye ke siza kanye ekhaya, kwaye siye eSouth Bend, e-Indiana, kwaye ngobusuku obubini ngokunikezelwa kwetempile; uMzalwana uR. E. S. Toms waseSaskatoon, eSaskatchewan.

21 Kuze emva koko, ukusuka apho, siye eSturgis, eMichigan, ubusuku obubini benkonzo eSturgis, eMichigan.

22 Kuze emva koko siye ngaphaya eLima, e-Ohio, kubantu baseBhaptizi, kwiHolo leSikhumbuzo—eLima, e-Ohio. Oko kuqala ngoJanuwari wamashumi amabini anesithathu, ukuya kutsho kumashumi amabini anesixhenxe.

23 Kuze emva koko, ukusuka phaya, siye ngaphaya kuNxweme lwaseNtshona ngoko, ukuya kwimihlangano emikhulu eCalifornia nase-Arizona. Yibani semthandazweni ngenxa yethu. Ngomso...

24 Ngokuhlwanje, ngentsimbi yesixhenxe, iyakuba ziinkonzo zokuvangela apha emnqubeni, kwaye wonke umntu umenyiwe.

25 Kwaye ngomso ebusuku, kufuneka ndi... Ndizakuthethela uMzalwana uCauble, kweyakhe—yakhe inkonzo yokulinda ezinzulwini zobusuku. Ndiza kuba... Isabelo sam siqala ngentsimbi yethoba, kude kube malunga necala emva kwentsimbi yethoba.

26 Emva koko ndizakubuyela emva emnqubeni apha, apho umhlangano uya kuba sele uqhuba, nabelusi abandwendwelayo nabalungiseleli abazakuba lapha, ukuze babe nesabelo kwinkonzo yangomso ebusuku. Ukuba nonke nithanda

ukuva abelusi bethetha kwaye bevakalisa iindlela zabo zokunixelela indlela yokuqalisa unyaka omtsha, nokuba nenze ntoni na, ngokuba, ngokwembono yeSibhalo, kuba, qiniseka ukuba ulapha ngomso ebusuku. Iinkonzo ziqala ngecala emva kwentsimbi yesixhenxe, njengesiqhelo, ngecala emva kwentsimbi yesixhenxe. Kwaye iyakuqhubeka kude kube sezinzulwini zobusuku, ngeCawe ebusuku, emva koko...okanye, ngobusuku bangoMvulo, gxebe. Emva koko, emva kwentsimbi yethoba, emva kokuba ndigqibile noMzalwana uCauble, Ndizakube ndibuyile ngqo kanye emva apha emnqubeni, ukuqala, kwaye mhlawumbi, mhlawumbi, ndigqibezele oko intshumayelo endingwela ukuyiqala ngale ntsasa. Okanye, ndim...uhlobo lokundithatha ixesha elide.

²⁷ Ndiyacotha, uyazi, kodwa ndiyathanda ukuba Yona ibe phantsi kuhlobo olululo lwesiseko. Ke, akukho mfuneko yakuYichithachitha nje naphi na. Ndifuna ukuba Ilale apho, kwaye ikhule ize iphumelele ngenxa yeNkosi.

²⁸ Ngoku, kukho u—umlungiseleli apha kusanje, umlungiseleli osemntsha ekufanele ukuba, ndicinga ukuba, kwi-Bel Air Motel. Ndimelwe ukumbona malunga nentsimbi yesibini ukuya kweyesithathu, ngale njikalanga. Kwaye, okanye, ingaba ungaphakathi, okwangoku? Njengoko, ndiyalibala ukuba ngubani igama lomzalwana. Uvela ezantsi eTennessee. Wayephilisiwe kumqolo owaphukileyo, kumhlangano wam, waza wangena kubulungiseleli. Lo mzalwana, *uphaya*. Konke kulungile. Kulungile oko. Kulapho...Oko kusuka...Ingaba yeyesibini ukuya kweyesithathu, akunjalo? Ndi...[Umzalwana uthi, “Yesithathu.”—Mhl.] Yesithathu; yesithathu ukuya kweyesine. Konke kulungile.

²⁹ Kwaye ke kukho omnye umlungiseleli, andazi nokuba uselapha na okanye hayi. Usuka phezulu kude kumntla weBritish Columbia. Ngenye imini, xa ndandizama ukuzibophelela kwiibhaskithi ezithile, kumahashe athile, ndiyaqikelela, okanye enye into; Ndandinendevu ezinde *kangako*, ndandibuyile kuhambo lokuya kuzingela; kwiminyaka emininzi eyadlulayo. Indoda ethile yahamba yaza yathi, “AwungoMzalwana uBranham?”

³⁰ Ndadibana nenenekazi eliselula evenkileni, lathi alizange limbone umfaz...okanye—okanye zange lasibona isixeko, isixeko esikhulu. Kwaye ndiyaqikelela ukuba wayengamakhulu amane okanye amahlanu eemayile ukusuka esixekweni, mhlawumbi ngaphezu koko, kumakhulu eemayile ukusuka kwindlela eqinileyo, kwisixeko esincinci esibizwa ngokuba yi-East Pines. Ndicinga ukuba kukho ivenkile enye apho. Kude emva phaya, esi sibini senyuka.

³¹ Kwaye basendleleni eya eCuba. Ndiyazibuza ukuba balapha na ngale ntsasa, ehe, basuka, emantla eBritish Columbia. Kanye

apha. Ke, mayisikelelwe intliziyo yakho, mzalwana. Siyavuya ukuba nawe nomfazi wakho, abamishinari, nihambahamba. Unditsalele umnxeba, kusasanje, usuka e—ukusuka Star Motel. INkosi ikusikelele. Ndiyazi ukuba bonke abazalwana bethu baya kukuvuyela ukuxhawula izandla zabo. Kwaye indoda eyathi, ngokomfanekiso, yabanokundiqonda nazo zonke ezandevu, inokucalula okuhle. Kulungile kakhulu.

³² Kwaye babenobukroti kakhulu, indlela phezulu phaya apho kungekho bantu, ngenkankulu, phezulu eMpuma Pines. Kwaye kuya kuba, kuza kuba nzima indlela abantu abambalwa phaya bagqithile kwela lizwe, kodwa, nangoko, babephaya phezulu njengeemishinari, bezama ukwenzela uzuko lukaThixo into ethile. Ngokuqinisekileyo ndiyabaxabisa ngintliziyo yam yonke. Ndiyazi nonke nithanda ukubaxhawula izandla nive malunga nelikhulu lasemntla-ntshona ilizwe. Kwaye, ngoku, emva koko. . .

³³ Ndiyakholwa ukuba umama kaNkskz. Roberson usagula kakhulu. Ndimelwe kukumbona ngale njikalanga, kwaye khumbulani ukumthandazela. Oko kuya. . . Kwaye ngoko, iNkosi ithandile, ndizakubuyela apha kwakhona ngecala leyesixhenxe ngokuhlwanje. Ndinga ukuba abakwaMcSpaddin balapho emva, njengoko sizakutya nabo malunga nentsimbi yesithandathu, kwaye usinike ixesha lokubuyela.

³⁴ Kwaye ke sifuna ukutyelela uNksk. Burns. Ingaba uMzalwana uBurns ungaphakathi, ngale ntsasa? Ngaba ulapha? Ewe. Andikubonanga, Mzalwana Burns, uhleli. UDade Burns ugula kakhulu, uyagula kakhulu.

³⁵ Kwaye ndandingapha ngobunye ubusuku, ukuya kumbona, kwaye ugula kakhulu. Kwaye ungumphefumlo okhaliphileyo. Kwaye sifuna ukuba wonke umntu abambelele ngokuthe gqolo kuThixo, ngokuba, ebonakalalisa ngolu hlobo, singazi ukuba ngubani na oyakuba lapha; kodwa kuyakuthatha ummangaliso kaThixo ukubuyisela uDade Burns ebandleni kwakhona. Injalo lo nto.

³⁶ Xana, umyeni wakhe othandekayo esandula kusishiya isibhedlele phaya phezulu, kwiSibhedlele samaGqala, enomhlaza, egwetyelwe ukufa, waza uThixo wamphilisa. Kwaye nanku ebuyile enkonzweni, esempilweni entle kakhulu kwakhona njengoko bekulindelekile kolu hlobo lwexesha. Kwaye xana iNkosi yamphilisayo kukudumba kukadakada, enomhlaza kuwo, kwayinto enye, kwiminyaka neminyaka eyadlulayo.

³⁷ Kwaye ndikhumbula kanye ngelo xesha, ngethuba uMzalwana Wood wayehleli apho. Ndandikwiholide encinane. Sasiphandle emahlathini, sizingela onomatse, kwaye iNto ethile yathi kum, “Yiya Ekhaya.” Ndagoduka. Kwaye kwakutheni

ukuze ndiye eLouisville, soze ndazi. Kwaye uMzalwana Wood, wakhulela eLouisville, eqhuba kwibhloko engeyiyo, ejikeleza, ejikeleza, ejikeleza, ezama ukundichola. Kwaye uThixo wayendibambe ekoneni, ndilindele uDade Burns ukuba eze kundixelela. Kwaye yayinguye, laa mfazi ulikroti, owafika wandixelela ukuba umyeni wakhe wayesifa apho esibhedlele, xa saya apho sathandaza.

³⁸ Waze wehla, wathabatha loo mfanekiso, lowo iNkosi yathabatha umfanekiso waYo, iNtsika yoMlilo... Nonke niyibonile, ndiyacinga. Wawubeka emgangathweni. Kwaye wathi, “Thixo weZulu othandekayo,” wathi, “ndincede ndifumane uMzalwana uBranham ngoko nangoko. Kufuneka ndiyenze.” Kwaye wathi, “Ngelosi kaThixo, ndikhokelele kuye.” Yiloo nto eyithabathayo. Kwaye uyaphakama, aye edolophini, ukuya kuhlawula amatyala oncedo, kwaye ngokungaqhelekanga wakhokelewa kwenye ikona. Kwaye uThixo wandithuma emahlathini, eLouisville, wandibamba ekoneni kangangesiqingatha seyure, ndibukele uMzalwana uWood ejika ikona engeyiyo ngalo lonke ixesha phaya phezulu, ezama ukundichola, wayenjalo. Yabona?

³⁹ Ngoku, siyazi ukuba uThixo uyazi apho intombi Yakhe encinci ilele phaya, kwaye Usenokuba ulindele ukuba uthandaze umthandazo wokholo. Siya kwenza konke esinako.

⁴⁰ Enye into esifuna ukuyithetha ngale ntsasa, kungekuphela nje intloko ethotyweyo, kodwa iintliziyo, kwenye yawona madoda athembekileyo endathi mna... omnye wabo, endakha ndadibana naye ebomini bam, nguMzalwana wethu uHigginbotham. Yakhe... Udade wethu oyintanda uye kuba neNkosi uYesu. Ijoni elikhaliphileyo likaThixo; kukangaphi ndimbona esiza esibingelelweni! Ulangazelelo lwakhe yayikukuba, rhoqo, ukuya kulo mgca wokuthandazela, apho uMoya oyiNgcwele wayeya kumxelela ukuba yintoni ingxaki. Wayekulangazelela ukuyenza. Kwaye mangaphi amaxesha athe wahamba enqumla kweli qonga lilapha, ezama ukufumana ukuba ukucalula kuya—kuyakuza. Kwaye kweminye imihlangano nakwiindawo ezahlukeneyo uzamile, kodwa nje bekungayi kufika, ngandlela ithile.

⁴¹ Ke ngoko, kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo, ndingena esibhedlele ezantsi phaya, xa ndevayo ukuba uyagula, kwaye kwakusemva kwexesha ngorhatya. Ndathi ndakungena esibhedlele ndahlala phantsi ecaleni kwakhe, phaya uMoya oyiNgcwele wehla; wabuyela emva ebomini wanyusa yonke into, wayibeka kanye apho ingxaki yayikhona. Kodwa, into engaqhelekanga yayikukuba, uDade Higginbotham wayengasanqweneli nakuhlala apha. Wayefuna ukunduluka. Kwakukho Into eyayimbiza. Waluphendula olo bizo ngenye imini lokuya kuba noThixo. Kwaye ndiya kuhlala ndiyikhumbula loo nto. Ehe. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

42 Akumangalisi ukuba uzive umbi xa ungena esixekweni; sona siyalile iVangeli. Yiloo nto ingxaki. Kwaye sona sigwetyiwe. Isikhukula sika '37 asiyi kuba nto, kude kuphele oku. Kodwa, ewe, sigwetyiwe, ngokupheleleyo. Kwaye naso isizathu sokuba umbhalo useludongeni.

43 Kwaye, ngoku, kubi kakhulu. Kwaye singabanikazi bendawo, izinto ezilapha, kodwa ndeva ngenye imini ukuba abanye abazalwana bethu bafumana itikiti lokupaka nasekupheleni kwendawo yecawa. Elinjalo ihlazo! Ndiya kulihlawula elo tikiti ukuba unokundazisa ukuba ibiyintoni na. Oko kulusizi. Ewe, mhlekazi. Ke, thina, oku, ndiyacinga ukuba i... Ndingcinga ukuba iseyeyethu loo nto. Ubuncinane, ixwebhu lobunikazi litsho njalo. Misa kanye ngaphaya koku apha, kwaye mhlawumbi awuzukulifumana itikiti phaya. Kodwa ndiyavuya kuba sisiya kwindawo apho bangawakhuphiyo amatikiti. Akunjalo? Ilungile lo nto. Iyamangalisa. Ewe ngokunjalo. Ngoku, andinguye...

44 Ndizakuzama nje ukuthetha okwethutyana, ngale ntsasa, kuba ndiye ndangenwa yingqele yentloko ngenene, ndaminxana. Kwaye—kwaye ndifuna ukuthabatha isifundo kwiTestamente eNdala, ndifundise nje okwethutyana, iNkosi ithandile. Kuze emva koko mhlawumbi, ngokuhlwanje, ukuba ndiyabuya, iNkosi ithandile, buya ngexesha, kwaye ndingadinwanga kakhulu.

45 Owu, ndivele ndacinga, nam. UMzalwana uKelly ohleli apha, kunye noDade uKelly, bazakuza, kanye... Uze ngokukhawuleza njengoko unako, emva kwesidlo sasemvakwemini, kuba ndiphumile ngenene ngale mvakwemini, ndinezinto ezininzi, Mzalwana uKelly. Ndiyakhumbula ngobunye ubusuku, phaya phezulu, ndandisimka ndibiziwe xana nonke nangenayo. Kulungile. [Udade uthi, "Uzakuza, Mzalwana uBranham?"—Mhl.] Ngoku, oko—oko konke kulungile, sisi.

46 Ngoku, ngoko, ndithandazeleni, nithandazele... izigqibo zam, zeNkosi, ziya—ziya kuba zeZakhe, eyona nto ingcono endinokuyenza.

47 Ngoku, sifuna ukutyhila apha kwiNcwadi endala, endala, yokugqibela... INcwadi yokuqala, iGenesis 35, kwaye siinqwenela ukufunda indawana nje yeZibhalo apha kwiNcwadi yeGenesis. Kwaye sithandazela ukuba uThixo ongezelele iintsikelelo Zakhe njengemvelaphi yento esinqwenela ukufundisa ngayo.

48 Kwaye bangaphi abathanda isikolo seCawe? Owu, yiloo nto... Bangaphi abaziyo ukuba saqala phi na? Andisiboni isandla. Kuluhlobo lwe... Bangaphi abayaziyo ukuba yaqala yabizwa ntoni? Uphi umfazi wam? Umelwe kukwazi oko. Konke kulungile. Yayiyi...

49 [UMzalwana uNeville uthi, “Mzalwana uBranham?”—Mhl.] Ehe? [“Mishin-...Enye imishinari apha ngale ntsasa.”] Enye imishinari. UThixo akusikelele. [“UMzalwana uNaber.”] UMzalwana ubani? [“UMzalwana uNaber.”] UMzalwana uNaber, uphi yena? Ungasiphakamisa isandla sakho, Mzalwana Naber? UThixo akusikelele, mzalwana. Ngumfazi wakho lo unawe? Ilungile kakhulu loo nto. Siyavuya ukuba nawe kunye nosapho lwakho kunye nathi ngale ntsasa. Uyazi ukuba usentandweni kaThixo. Yabona? Umelwe kukuba, xa uyimishinari, uyabona. Kuba, imiyalelo ngokubanzi ngu, “Hambani niye kulo lonke ihlabathi nishumayele iVangeli kuyo yonke indalo.”

50 Indoda eyimishinari! Ngoku, andi—Andikhathali kangako...uMishinari ligama elihle kakhulu, kodwa ndinegama elingcono ngalo. Ungumpostile. Yabona? Ilungile lo nto. Ngoku, lithetha ukuthini igama elithi *mpostile*? “Omnye othunyelweyo.” Lithetha ukuthini igama elithi *mishinari*? “Omnye othunyelweyo.” Yinto enye. Ke, iimishinari, abaprofeti, abavangeli, abafundisi, nabelusi, benza iBandla. Ingaba oko kulungile? Abapostile, abaprofeti...bayabiza. Ke, okoko nje uyimishinari, okanye umpostile, ungomnye othunywe nguThixo, kubuthunywa, kwaye uhlala ulungile. UThixo akusikelele, ngowam—owam umthandazo.

51 UMzalwana noDade Foss basendleleni eya eCuba, emasimini. Ukusuka kwimimandla enomkhenkce yasemantla, ukuya kumahlathi ashinyeneyo asemazantsi, kuba le Vangeli imelwe kukushunyayelwa kulo lonke ihlabathi. Amen. Olunjani lona utshintsho!

52 Usuka phi, mzalwana? [Umzalwana uthi, “Ndiya kwaSirayeli ngoku, mzalwana.”—Mhl.] Uya kwaSirayeli.

53 Owu, ndingathanda...Bona uMabel ehleli phaya emva, ndingabiza inkosikazi yam kunye noMabel, bakuculele:

Bavela eMpuma naseNtshona,
 Bavela kumazwe akude,
 Ukudla kunye noKumkani, ukudla
 njengondwendwe Lwakhe;
 Hayi indlela abasikeleleke ngayo aba
 baphambukeli!
 Ukubona ubuso Bakhe obungcwele,
 Bubengezela ngokukhanya okuNgcwele;
 Amadlelana asikelelekileyo ngobabalo
 Lwakhe,
 Njengamatye anqabileyo kwisithsaba Sakhe
 ukuba akhanye.

54 Akuyi kuba mnandi ngaloo mini! Amen. Makakusikelele uYehova, ukuya kwaSirayeli; nawe, kwindawo oya kuyo; ziintsikelelo zam kuni bazalwana ngale ntsasa. Amen.

55 Ngoku, ngaphambi kokuba sivule iBhayibhile...Siyazi ukuba esi sisicatshulwa, kwaye uThixo unomxholo obhalwe phakathi kwemigca, uyabona. Ke, sinokufunda nje isicatshulwa kwaye sivumele uThixo asinike umxholo. Ngoko masithobe iintloko zethu okomzuzwana nje, sithandaze.

56 Bawo wethu oseZulwini, eGameni leNkosi uYesu, siyathandaza ukuba Uthabathe la Mazwi esizakuwafunda ngoku, uwaqhekeze angene kanye ezintliziweni zethu. Kwaye usenze singene ngokuthambileyo, ngokuzolileyo, ngokuthobekileyo, ngokuhlonela, eBukhoni Bakho. Kwaye wanga uMoya oyiNgcwele angathabatha iLizwi likaThixo wondle yonke intliziyo. Bandakanya neyam apho, Uyakwenza, Nkosi? Kuba ndikucela eGameni likaKristu. Amen.

57 Kulungile, sizakufunda umqolo ubemnye okanye emibini, apha, ukuze sibe nokufumana nje imvelaphi encinane. IGenesis sisahluko sembewu, siyazi. Konke kulungile. Siza kuqalisa kumqolo we-15.

Kwaye umntu othile wamfumana, . . . nanko ebhadula endle: umntu lowo wambuza wathi, Ufuna ntoni na?

Wathi, Ndifuna abantakwethu: ndixelele, ndiyakubongoza, . . . badlisa imihlambi yabo.

Waze umntu—waze umntu wathi, Bandulukile apho; kuba ndibavile besithi, Masiye eDotan. Waze uYosefu wabalandela abantakwabo, wabafumana eDotan.

Kwaye xana bambona esekude, engekasondeli kubo, ngayo . . . yena bambulale yena.

Bathetha omnye komnye besithi, Nanko lo mphuphi esiza.

58 Kwaye yanga iNkosi inganika iintsikelelo zaYo kwiLizwi laYo. Ngoku, iGenesis isoloko, kum . . .

59 Ingaba ndixelele ukuba ibisesiphi isahluko eso? YiGenesis. Ndiyakholwa, ukuba ndibonile, iGenesis 37, nokuqala ngomqolo w-15, nani niyiphawulayo. Ngoku thina . . . Ndiyakholwa bendithe 35, emzuzwini odlulileyo. Bendinamaphepha amabini kunye. Ndi—ndiyaxolisa. Le Bhayibhile incinane indala yeScofield, kwaye kunzima kum ukuyifunda, ngokuba ndidlule kumashumi amane, uyazi. Kwaye wam . . .

60 Bandixelele ukuba mandithathe iiglaso zokufunda. Ndaya kwaye ndahlolwa amehlo am, xana ndifika kwafuneka ndiqhubeke ndiyityhalele kude kum iBhayibhile yam. Kwaye ugqirha undixelele ukuba ingalo yam ayisayi kuba nde ngokwaneleyo, emva kwethuba, ukuyibhekélisa. Ndaye ndaya . . . Wathi ndidinga iiglaso zokufunda. Ndawajonga amehlo am, kwaye avavanywa aphelele, ishumi-ishumi. Kodwa ndandinakho ukubona unwele lulele phantsi, ndaweni ithile phaya, ngokulula nje. Kodwa yibeke kufutshane nam . . . Wathi,

“Xa ufumana . . .” Wathi, “Yintoni eyenza iinwele zakho zibe ngwevu?”

Ndathi, “Andazi.”

⁶¹ Wathi, “Bubudala.” Ha-ha-ha! Wathi, “Yiloo nto engalunganga emehlweni omntu xa udlule kumashumi amane. Wena, eneneni, ibhola zamehlo zakho ziba sicaba. Kwaye kufuneka nje u—umelane nayo, yiyo yonke loo nto.” Kwaye ndimane ndiyibeka. Kwaye, ke, andinalo ixesha lokuya, kodwa ndi—ndiyakuya ngenye imini, ndize ndifumane e—ezokufunda ndifunde ngazo, xana ndisiya kufundisa ngakumbi. Kodwa ngoku ndifunda nje itekisi ndize ndiqhubeke. Kwaye oku yi . . . Ndinale Bhayibhile kwiminyaka emininzi eyadlulayo, kwaye ngowenene, umbhalo omncinane kakhulu.

⁶² Ngoku, kwiGenesis, *iGenesis* ithetha “isiqalo,” isahluko sembewu. Kwaye khumbula, ukuba, yonke into ekhoyo namhlanje, eneneni yaqala kwiGenesis. Yaba sisiqalo sezinto zonke. Yayisisiqalo so—sosindiso. Yaba kukuqala kwesono. Yaba sisiqalo salo lonke unqulo-mntu. Yayisisiqalo seBandla lenyaniso. Yayisisiqalo sebandla lobuxoki. Yayisisiqalo sobulungisa. Yayisisiqalo senkohliso. Yayisisiqalo sezinto zonke, zaqala kwiGenesis.

⁶³ Ndinqwenela ukuba besineenyanga nje ezintathu malunga noku, ukuhlala kanye kulo mbandela mnye, kwaye siwombe nje, siyibophe ngoMoya oyiNgcwele, ngeentambo zikaThixo, kwaye siyisonge nje kanye. Kwaye ukhangela ukuba lonke iLizwi lidibana njani kanye namanye aMazwi. Intle kangaka into!

⁶⁴ ILizwi likaThixo liyakhuthaza! Akukhathaliseki nokuba sesiphi na isigaba, leliphi ixesha, wonke umntu owakhe wafunda oku kuBhaliweyo, ngayo i . . . Kubhalwe ngoku kumakhulu amaninzi, ehe, phantse amawaka amathathu, ngaphezulu, iminyaka. Kwaye wonke umntu owakhe wafunda oku kuBhaliweyo, kwisigaba ngasinye, uphefumlelwe kuKo, yabona, wonke umqolo weSibhalo. Akukho nanye into engenye enokuze ithabathe indawo yaYo.

⁶⁵ Umbhalo owabhalwa emva kolunye usuku, xana ufundwe kweso sigaba nenjongo yawo, ugqityiwe. Ndingakubhalela ileta, ndithi, “Mzalwana wam oyintanda, namhlanje bendikhe ndaya ndaweni ithile ndenza okunje-na-nje, ixesha.” Oko kuya ngqo kuwe, kwaye kuphelele apho. Mhlawumbi ngenxa yobungqina benkundla okanye into ethile, inokuziswa ngenxa yobungqina ngokuchasane nam okanye ngenxa yam, ukundibonisa into ethile, okanye ukubonisa into ethile ngokuchasane nam, kodwa ibingayi kuba ngumyalezo othe ngqo njengoko bekuya kuba njalo xa unikwa wena.

⁶⁶ Kodwa iBhayibhile ayinjalo. Inikelwe kuhlanga loluntu, nangawo onke amaxesha nakwizigaba zonke, ngokuba LiLizwi likaThixo elibhaliweyo. Yabona? AMazwi Akhe akanakuze

asilele. Akasokuze afe, kwaye okoko nje kukho inguNaphakade, ngonaphakade kanaphakade, lana asaya kuba neentsingiselo efanayo, ngokuba Akhe aphuma emlonyeni kaThixo. Yabona? Awakwazi ukusilela! Khawucinge nje ngaloo nto, indlela eliNguNaphakade ngayo iLizwi likaThixo. AbuBomi.

⁶⁷ Ngoku, yintoni ilizwi? Ilizwi yingcinga ethe yavakaliswa. Kwaye xana uThixo wathi wacinga nantoni na, yingcinga nje. Kodwa xana ithe yavakaliswa, ayinakuze iguquke okanye itshintshe. Kufuneka ihlale ngonaphakade.

⁶⁸ Kuba, ilizwi lakho lilunge kanye njengokuba unjalo. ILizwi likaThixo lilunge njengoko Enjalo. Ilizwi lakho liyinxalenye yakho. Isithembiso sakho silunge kangangoko unokuba nako. Kwaye idinga likaThixo lilunge kangangoko Anokuba nako.

⁶⁹ Ngoku, njengomntu ofayo, ungenza isithembiso kwaye kufuneka usaphule, ngokuba ungumntu nje ofayo. Ndingumntu nje ofayo. Kodwa, uThixo, ekubeni engafi, kwaye engenasiphelo, kwaye onamandla onke, okhoyo kuzo zonke iindawo, Wenza intetho, kwaye uyasazi isiphelo ukusuka ekuqaleni, kwaye Unako ukuyigcina.

⁷⁰ U-Abraham wayibiza ezo zinto zingekhoyo, ngokungathi bezikho, ngenxa yokuba wayeyisakele ngokupheleleyo ukuba, oko uThixo akuthembisileyo, uThixo unako ukukwenza, kuba Wayengekhe enze idinga ngaphandle kokuba Wayesazi ukuba kwakuyakuba yintoni na.

⁷¹ Yabona ukuba singaphumla njani phezu kweLizwi Lakhe ngoko? Akunamsebenzi nokuba lubhudla ngamandla kangakanani na uqhwithela, yintoni na echasene naLo, phumla ngokundilisekileyo phezu kweLizwi. UThixo waLithetha, Lowo ubone elinye icala lesaqhwithi. Yabona? Ke, ukuba uyagula, ankila nje umphefumlo wakho kuPhumlo Olukhuselekileyo. Ukuba udidekile kwaye ukhathazekile, khumbula, Wathi, “Ndiya kuhlala ndinani, kude kube sekupheleni kwehlabathi.” Kwaye Yena u...Wathi, “Zonke izinto zisebenziselana okulungileyo kwabo bayithandayo iNkosi,” ke hlala nje apho.

⁷² Enye indoda yabhala, imbongi yabhala, “I-ankile yam ibambe ngaphaya kwekhusele.” Yintoni ikhusele? Yinto evalayo apha ukusuka Phaya. Kwaye i-ankile ingaphakathi kwekhusele. Awuboni ukuba kuya kuba njani, kodwa uyazi ukuba kukho into ethile ekubambileyo, ebambe phezulu Phaya.

⁷³ Kwaye xa ulwandle luvuthuza kwaye luvuthuza, wakha wakho...Ndiyaqikelela mhlawumbi abanye benu abazange babe nenyhweba yokubona inqanawa i-ankiliwe. Owu, bethu! Ndizikhwele xana bephosa i-ankile yaselwandle *ngolo* hlobo, de inqanawa encinci ingabinakho nokuya ngaphaya kumphezulu we—weliza. Ibiya kuphumela ukunqumla kwilizwa. Kodwa okoko nje i-ankile ibambile, yiyo yonke loo nto eyenza umahluko.

⁷⁴ Nokuba sidlula phezu kwayo, phantsi kwayo, siyijikeleze, okanye sinqumla kuyo, akunamsebenzi; i-ankile ibambile. Yiloo ndlela xa izaqhwithi zobomi ziqala ukusishukumisa. Kusenokufuneka siphumele kuzo, kusenokufuneka sidlule phezu kwazo, ngaphantsi, sijikeleze, kodwa yiyeke i-ankile ibambelele ngaphakathi kwekhuselo, kokungabonakaliyo. Asazi nje kanye ukuba iphi kanye kanye, kodwa ibambile.

⁷⁵ Kanye njengenkwenkwan encinane, uyazi, eyayinekayiti. Ulivile iqhalo elidala, ibali. Wathi, “Wazi njani ukuba unekayithi ekupheleni apho?”

Wathi, “Ndisayiva itsala.”

⁷⁶ Ngoko, yiloo nto. Ukuba sinokuyiva isashukuma, uThixo esebenzana neentliziyi zethu, ngoko siyazi ukuba i-ankile yethu isabambile.

⁷⁷ Ndiyakholelwa ukuba yayinguBenjamin Franklin owabamba umbane ebhotileni, owalawula umbane, umbane. Into ethile ngaphakathi kwakhe yabiza, yathi, “Kukho amandla kuloo nto. Loo mandla anokulawulwa.” Kwaye ukuba inamandla kakhulu, ukudubula izitrato kunye nokuqhekeza imithi, ukucanda umhlaba, ibinokwenza ntoni ukuba ibikhe yalawulwa? Iyakukhanyisa, kwaye kudanyaze, kwaye kubethe umhlaba wonke. Kwaye uBenjamin Franklin, ndiyakholelwa, eloba kwikayithi yakhe, nesitshixo sibotshelwe ekupheleni komsila wayo, kunye nebhotile ezantsi. Wathi akuyifumana, wayengazi ukuba wayenantoni, kodwa waqalisa ukukhwaza, “Ndiyifumene! Ndiyifumene!” Wayengazi ukuba yintoni na; wayengazi ukuba wayeza kwenza ntoni na ngayo; kodwa wayesazi ukuba unento ethile.

Kwaye yiloo ndlela ke kumntu wonke othe awakhe:

Amathemba awakhelwanga nakwenye into

KuneGazi likaYesu nobulungisa;

Kwaye macala onke omphefumlo wam
kunikezela,

Emva koko Yena ulithemba lam lonke
nokuxhasa.

KuKristu, iLiwa eliqinileyo, ndimi;

Yonke eminye imihlaba yintlabathi ezikayo.

⁷⁸ Emva kokuba uzelwe ngokutsha, uMoya oyiNgcwele uthatha indawo Yakhe entliziyweni. Abanye abantu abaselula abanako, okanye baselula, okanye abafundanga, kungakhathaliseki ukuba kunjani na; akukho mntu unokukucacisa, ngoko musa ukuziva kakubi kuba ungafundanga. Awukwazanga ukuyicacisa. Akuzange kubekho ndoda nangoku enokuyicacisa, nokuba ihlakaniphe kangakanani na okanye ikrelekrele kangakanani na. Yimfihlelo EyeyekaThixo. Kodwa xana elo Lizwi lithatha uBomi entliziyweni yakho, uze uYibone, uyakhwaza, “NdiYifumene!” Awazi ukuba uyakwenza ntoni na

ngaYo; awazi ukuba Iyakwenza ntoni na ngawe; kodwa uyazi ukuba into ethile yenzekile, kwaye unaYo.

⁷⁹ Ngoku, ke ngoko, kwiLizwi! Intle. Ngoku sijongene ngale ntsasa, kwaye sinayo phambi kwethu, phantsi kwengqwalasela, ngokoluvo lwam, esinye sezona zibhalo zibalulekileyo zeTestamente eNdala. *UYosefu* (siza kuthetha ngaye) *Uhlangana Nabantakwabo*. Kungakho ikhulu leendlela ezahlukeneyo zokuthi uMoya oyiNgcwele angene kule nto kwaye ayityhile ezintliziyweni nasezingqondweni zethu. Ke, ndicinga oku, ekubeni ziintsuku ezimbalwa apha, singathetha okwethutyana ngale ntsasa, ngenxa yokuqina emqaleni, kwaye mhlawumbi siyichole kwakhona ngokuhlwanje ukuba umlungiseleli akananto entliziyweni yakhe, kwaye mhlawumbi siyiqhube siyigqibe ngoMvulo ebusuku, ukuba kunjalo uThixo ubonelela ngaloo ndlela.

⁸⁰ Ngoku, sonke siqhelene kakuhle neempawu zeTestamente eNdala, indlela okuya, “Zonke izinto zakudala zazisisithunzi,” Hebhre 11, “isithunzi sezinto ezizayo.” Hayi indlela ekukuhle ngayo oko, indlela uThixo ayifuzisela kwangaphambili!

⁸¹ Kwaye xa sisiva esi sithunzi, njengokuba sasinjalo, siyazi ukuba kukho into engaphaya kwalapha. I . . . UThixo, kumandla onke Akhe, kwingqondo Yakhe enkulu engenasiphelo, ebona into ethile eza kwenzeka, Anokuyilumkisa kwangaphambili. Unako ukwenza yonke into isebenzelane kunye, nkqu nengqumbo yomntu, ukuba iMdumise, kwanomntu okuphatha kakubi. Njengoko siza kufumana, emva komzuzwana, ukuba iNkosi ithandile, indlela umkhuluwa kaYosefu wamphatha kakubi ngayo, waze Wajika kanye ukubuyela, wayithatha loo nto wayenza yaMdumisa. Ke, asinanto yakuzikhathaza ngayo, hayi kwanto.

⁸² Indlela awathi ngayo uThixo, ngaloo nkwenkwe, wayefanekisela ukuza kweNkosi uYesu okokuqala, nokuza kweNkosi uYesu okwesibini, kwaye wayilungisa yonke loo nto kubomi obungazi nto malunga nokuba kuqhubeka ntoni. Amen. Akwenzi nje into ethile kuwe oko, ukubona uYosefu omncinane? Kuba, wayengazi ukuba kwakusenzeka ntoni na, kwakutheni ukuze zonke ezi zinto zenzeke. Kodwa kakunguThixo konke, esebenza, ebonisa kwangaphambili, ebonisa kwangaphambili izinto ezaziya kubakho.

⁸³ Ngoko unokuqaphela iLizwi, indlela oLichola ngayo apha kwaye uLifunde kwiGenesis, uLifunde embindini weNcwadi, Lifunde ekugqibeleni eNcwadini, kwaye lonke iLizwi liyasebenzisana ngolo hlobo. Kwaye Labhalwa amawaka eminyaka ngokwahlukeneyo, ngamakhulu amadoda ahlukeneyo. Yabona? Ke, ngoko, uyabona ukuba konke nguThixo. Omnye engamazi omnye, okanye engazi ukuba

yeyiphi iNcwadi eyayibhaliwe, kwanto malunga naYo; ngelinye ixesha, esinye isigaba.

⁸⁴ Kwaye singabona, namhlanje, ukuba uThixo usebenza kanye njengokuba Wenzayo emva phaya. Siyahamba ngoku, siphelela kunyaka omtsha, ukusuka kwisithunzi soMdala. Kwaye indlela okuya ekuqalekeni, indlela awathi ngayo uThixo, xa Wabona isono sizakuthabatha ulawulo lwaso phezu komhlaba naphezu kwabantu, indlela eyathi inkqubo enkulu yagqwethwa ngayo; hayi ukonakaliswa, hayi ukuphinda ukudala, kodwa nje ukugqwethwa.

⁸⁵ Yabona, uSathana akanakudala. Angagqwetha kuphela. Yonke into oyibonayo, ayilunganga, bubulungisa bugqwethiwe. Yabona? Ubona umvumisi omdala phandle esitratweni, ngabaprofeti nje abagqwethiweyo. Yabona? Ubona nantoni na engendawo, ubona indoda iphila ngokunganyaniseki kwizibhambathiso zayo kwinkosikazi yayo, bubulungisa obo bugqwethelwe ebubini. Ngokuchaseneyo, bona abafazi esitratweni, besenza ngendlela abenza ngayo kwaye besiba yile ndlela bayiyo, ngamanenekazi agqwethiweyo.

⁸⁶ Ndadlula ngaseLouisville, ngenye imini, inkosikazi kunye nam, ndaze ndabona uphawu efestileni, apho sasivela khona ekutyeni, ngaphaya kwiSitrato Ntlanu. Kwaye wathi, “Iitafile zamanenekazi.”

⁸⁷ Ndathi, “Abazange babe nomthengi.” Hayi, inenekazi aliyi kungena apho. Xana lingena phaya, aliselilo inenekazi. Yabona? Ke, abazange babe nomthengi, phantsi kolophawu. Amanenekazi awayi kwezo ndawo. Kodwa, uyabona, yintoni na le ingena phaya, ngamanenekazi agqwethiweyo. Yabona? Konke kulungile.

Ngoku, uThixo, ukwenza zonke izinto ziMdumise!

⁸⁸ Sibhiyozela iKrismesi, ukuzalwa kweNkosi uYesu. Ntoleyo, asilulo ngqo usuku Lwakhe lokuzalwa. Usuku Lwakhe lokuzalwa lwalungo Apreli. Kuba, kubanda kanye kwaJuda, okanye kubanda kakhulu ngoDisemba, kunokuba kunjalo apha. Ke, siyayiqonda loo nto. Niwubonile umfanekiso ngenye imini, amatanki phaya phezu ekhephini, nezinto ezinjalo, kwaJuda. Ungafane ucinge abelusi bengqengqe endulini kwimozulu elolo hlobo? Kodwa, asilulo usuku. Kodwa lona, usuku, aluthethi kakhulu, si—sisimilo esinaso malunga nolo suku lubekwe bucala.

⁸⁹ Ngoku qaphela. Kwamsinyane uThixo akubona imbewu yomfazi, nokokuba balahlekiwa kanjani phaya, nobulungisa bagqwethwa, UThixo wanika isithembiso ukuba ngalaa mfazi kwakuya kuvela iMbewu esikelelekileyo. Uyayifumana? Kwakuyakubakho iMbewu.

⁹⁰ Kwathi kwamsinya nje akukuva oko uSathana, lowo wayemi apho, kwathi nje akukuva oko, wangenela ukuze

atshabalalise loo Mbewu. Kwaye wazama ukuyenza kuYosefu. Wazama ukutyhubela izigaba. Yaye usachasene naloo Mbewu isikelelweyo. Amen.

⁹¹ Ndifuna ukuba ninxibe iminqwazi yenu yokucinga nzulu, okomzuzwana nje. Njengoku, nxiba isigcina-ntloko sosindiso, kwaye niphulaphule ngenyameko ngoku. Nantsi into ebaluleke ngokwenene. Kwaye nisenokungavumelani nayo; yonke ilungile. Kodwa, ingaba niphawule, ngokukhawuleza nje . . .

⁹² Kwakusele kukho u—ukhawulo, kuba u-Eva wayesele ephile ngobugqwetha yaye enze isono. Ivela phi loo nto? Oko kukwiGenesis. Amadoda namhlanje azama ukufumana ikhonkco elilahlekileyo phakathi kwesilwanyana kunye nomntu. Esi sisityhilelo. IBhayibhile yathi, “Inyoka yamlukuhla umfazi.”

⁹³ Namhlanje, umntu unokuvelisa ubomi besilwanyana, kwaye esona silwanyana sikufutshane anaso emntwini yitshimpanzi. Banokuyenza itshaye inqawa, ikhwele ibhayisekile, ithwale umnqwazi, iwuqethule. Oko kufane nje no “jii” kunye “hoo” kwihasha. Sisandi. Ayinawo umphefumlo. Ayikwazi ukucinga. Inokuhamba ngesandi kuphela. Ayinawo umphefumlo. Baze bafumana ikhonkco elingekhoyo, kanye phakathi apha, abangazange bakwazi ukulifumana. Kwaye kangangamawaka amathandathu eminyaka bazamile ukukhupha ilizwi elinye kwitshimpanzee, kwaye abanakuyenza loo nto. Abasoze. Kodwa, siyazi ukuba sibubomi besilwanyana. Sibubomi besityalo, obuphuma emhlabeni.

⁹⁴ Njengoko ndandisitsho ngenye imini, kumngcwabo kadade wethu othandekayo. Siliqela leziqalelo ezilishumi elinesithandathu zomhlaba, zokukhanya kwe-cosmic, nee-petroleums, nezinto ezidityanisiweyo. Sasilapha xana uThixo wathetha wathi, “Makubekho,” imizimba yethu yayinjalo. Kodwa, iNto ethile, iNgqondo ebubuchwepheshe yasiphuhlisa saba yile nto siyiyo ngoku. Yasenza sanzandla neengalo, nanjalo njalo, hayi ukuba isitshabalalise, kodwa ukuze sibe nokuphila ngonaphakade. Isono senze ukutshabalalisa. Kwaye Lowo Wasenzayo, singenayo nayiphi—nayiphi imbono yokuba sakhe salapha, Lowo wasidalayo waza wadibanisa ezi zinto wasenza into esiyiyo ngoku; Akanakho ngakumbi, ngokusinika inkululeko yokuzikhethela ukuba siyamkele, kwaye kwangelo Lizwi linye elasidalayo, wasithembisa ukuba Uyakusivusa kwakhona. Kangakanani ke ukuba yonke le petroleum idibane, nee-atoms, nanjalo njalo, kwi . . . ngeLizwi likaThixo!

⁹⁵ Ngoku, ekuqalekeni, xa uThixo wayethetha, kwaye uSathana wayemi apho waze wayiva.

⁹⁶ Kwaye abantu bazama ukufumana eli khonkco lilahlekileyo. Ndiya kukuxelela, ngesityhilelo, ukuba ufuna ukuyamkela. Loo mntu ulahlekileyo, phakathi kwesilwanyana nomntu, yinyoka, ngaphambi kokuba isuswe imilenze yayo kuyo.

IBhayibhile yathi, “Yaiyeyona inobuqili kunawo onke amarhamncwa,” hayi isirhubuluzi, “kulo lonke idlelo.” Yayiyiyo eyamlukuhlayo umfazi, ngobuhle bayo, waze wamitha. Kwaye ngoku, ngokwenza oko, nokubona isono sasisiza, UThixo wabeka isiqalekiso esinjalo phezu kwayo de inzululwazi ingayi kuze ifumane nabuphi na ubudlelwane phakathi kwale nyoka, njengoko iziwa namhlanje, kunye noluntu. Kodwa nasiya esakho esiwileyo, isiqu esithotyweyo, phakathi, esadibanisa ubomi besilwanyana kunye. Nantso ke.

⁹⁷ “UThixo ukufihlile kwizilumko nakwiingqondi, kodwa uya kuyityhila kwiintsana eziya kufunda.” Yabona?

⁹⁸ Nanko umntu wakho owileyo, inyoka. Yasuswa isuka kwindlela... eyena inobuqili, ebaluleke kakhulu, eyiyeyona intle, eyona-efana kakhulu nomntu. Kwaze emva koko ngenxa yobu bubi eyabenzayo noEva, Wayihlisela kwisirhubuluzi, “Ukuba ihambe ngesisu sayo, yonke imihla yobomi bayo, kwaye uthuli lube kukudla kwayo.” Phaya kulapho inzululwazi inokuza khona apho, kwaye umthi wabo uwiswe phantsi.

⁹⁹ Qaphela, ngoku, kwamsinyane nje ukuba mfazi abone ukuba u...i... Ngoku, wayekhohlisiwe. Akazange azise isono. Wayekhohlisiwe. Wayecinga ukuba ilungile. Kodwa, “U-Adam akazange alukuhlwe,” yatsho iBhayibhile. Wayesazi ukuba yayiphosakele, kwaye wamenza ukuba enze kwaloo nto sayenzayo isilo.

¹⁰⁰ Waze wazala unyana wakhe wamazibulo, nto leyo, zonke iimpawu zomtyholi zazikulaa nkwenkwe. Yayingumbulali. Yayinomona. Yayinokuphuma njani kuloo mjelo unyulu kaThixo? Kwakufuneka iphume ebubini. Kwamsinyane nje ukuba yenze oku, ngoko yena, umtyholi, wasebenzisa isixhobo sakhe.

¹⁰¹ Wazala unyana wakhe wesibini, owayesemva kuka-Adam, kwaye phaya yayingu Abheli. Kwaye, ngokukhawuleza, umtyholi wazama ukutshabalalisa laa mbewu ilungileyo. Wajika wambulala u-Abheli, okokuqala; ntoleyo engumfuziselo kaYudas noYesu. Wambulalela esibingelelweni; apho, uYesu, uYudas wambulala—wambulala uYesu, waMngcatsha ngeesilivere ezingamashumi amathathu, wathengisa ngaYe. Konke kulungile.

¹⁰² Kodwa, qaphela. Wathi akwenza oko, ngoko uThixo, umzekeliso kaKristu, kokubini ukufa novuko, Wavusa uSete ukuba athabathe indawo yakhe. Yabona? Waze umtyholi wamlandela uSete.

¹⁰³ Ngoku qaphela. Kwaza, ngaphambi kwentshabalalo yangaphambi konogumbe, kwakukho umlibo omde wabantu abehla ngoonyana bakaKayin, ezweni lakwaKuphalaphala, kwaye babeziinzululwazi, ahlakaniphileyo, akrelekrele, amadoda amangalisayo. Bade basebenzisa nentsimbi. Bakha

amakhaya. Babeyimpucuko emangalisayo. IBhayibhile ihlabela mgama ichaza indlela ababesebenza ngayo ngobhedu, indlela ababesebenza ngayo ngentsimbi.

Kodwa, eli qela limbi yayingababhaduli.

¹⁰⁴ Kodwa, omabini la maqela ayengawenkolo. UKayin wayengowenkolo. U-Abheli wayengowenkolo. Waze uThixo wazoba umgca, yeyiphi eyayilungile. UKayin wayengowenkolo kanye njengo Abheli. Bobabini bakha izibingelelo. Bobabini babekhohlelwa kuThixo. Bobabini babenqula uThixo. Bobabini beza neziph.

¹⁰⁵ Ngoku zijonge ezo mbewu zimbini. Enye, isilwa; eyobubi izama ukutshabalalisa iMbewu elilungisa. Kwaye wazama ukumtshabalalisa u-Abheli; wenza, kodwa uThixo wavusa uSete ukuba athabathe indawo yakhe. Wayecinga ukuba wayemfumene uYesu kanye phaya. Khangela ukwehla kuso sonke isigaba sexesha, kuyo yonke indawo. Yena, kuyo yonke indawo aweza kuyo, wayixinanisela loo Mbewu. Wathi akubulala omnye, okanye omnye, wayecinga ukuba wayeyifumene loo Nto. Kwaze, ekugqibeleni, wa—waba semva koYohane umBhaptizi, ekugqibeleni wayinqumla intloko yakhe. Wayecinga ukuba wayemfumene Yena ngoko, kodwa wafumanisa ukuba Wayengapha kuYesu. Wazibulala zonke iintsana. Kwaye, uMoses; wazama ukumbulala uMoses. Wazama ngandlela zonke ukuba atshabalalise laa Mbewu, naxa wambulalayo uKristu eKhalvari; kodwa uThixo wamvusa kwakhona, ngomhla wesithathu, waze emva koko Wathumela uMoya oyiNgcwele emva ukuba abizele oonyana neentombi kuThixo. Kwaye kwa oba bungendawo, imbewu yenkolo isatshutshisa laa Mbewu ililungisa nangoku. Uyayibona? Bazama ukutshabalalisa elo Gatya lobulungisa likaThixo.

¹⁰⁶ Ngoku, macala omabini, ukuba uyaqaphela, yaqala kwiGenesis, ngokwenkolo macala omabini. Omnye wabo, wobuhlelo, oziphakamisile. Kwaye omnye, ethobekile, ehamba ekuMoya, ngesityhilelo.

¹⁰⁷ Wayenokwazi njani u-Abheli ukuba yayiyimvana endaweni yeziqhamo ezivela entsimini? Ngokuba yatyhilwa kuye, ngesityhilelo esiNgcwele.

¹⁰⁸ UYesu wathetha kwaloo nto, xana uPetros wamvumayo ukuba unguNyana kaThixo. Wathi, “Inyama negazi azikutyhilanga oku kuwe, kodwa uBawo waM oseZulwini ukutyhilile oku kuwe. Phezu kweli litye...” Ulwalwa, hayi uPetros, hayi uYesu, kodwa kwisityhilelo esiNgcwele. “Ndiyakulakha iBandla laM, kwaye amasango elabafileyo akanakuLeyisa.” Uyayifumana? Sisityhilelo esiNgcwele.

¹⁰⁹ Ngoku khangela. Zonke iinzame, zexesha, apho, badibana ubuso ngobuso baze basilwela. Khangela xa uMowabhi wayephezulu endulini, kwaye uSirayeli wayesentlanjeni.

Kwaye uSirayeli wayecela nje ngomzalwana, inene, ukuba adlule acande emhlabeni wabo, ukuya kwilizwe ledinga uThixo awayebathembise lona; bacela nje imvuselelo encinane ebandleni labo, njengoko kwakunjalo. Ukudlula nje ukucanda emhlabeni, kwaye bathembisa ukuba baya kuhlawulela nkqu nengca ekhothwa ziinkomo. Kwaye babeyakuhamba ngomendo ophakamileyo kakumkani, kunye nezinto ababeyakuzenza njengoko bedlula becanda kwimihlaba, kwaye babeya kuyilungisa. Kodwa, umona . . .

¹¹⁰ Ngoku, uMowabhi, ilizwe lakwaMowabhi lalingelilo elingakholwayo kubukho bukathixo. Ayekholelelwa kuThixo awayekholelwa kuye amaSirayeli, kuba ayengonyana beentombi zikaLote; Intombi kaLothe eyamithayo ekunxileni kukaLote, ngoyise ongowakhe. Kwaye bawela, kwaye bona . . . Kulapho avela khona la maMowabhi.

¹¹¹ Kwaye xana umprofeti wabo waphumayo, umfundisi wabo, ephambenele imali, waza wamisa izibingelelo, izibingelelo ezisixhenxe, ngokuchanekileyo umlinganiselo ofanayo wezibingelelo wawufuneka apha ezantsi. Nanku uMowabhi ehleli apha, umhlaba omhle wobuhlelo, wonke ulungisiwe kwaye ulungelelanisiwe.

¹¹² Kwaye nanku uSirayeli, umqengqeleki ongcewele omncinane omdala ebhadula ezintentsi, ukusuka kwindawo ukuya kwindawo. Uthi, “Umqengqeleki ongcewele”? Ngokuqinisekileyo babenjalo, ukuba babenjalo ba—bayiloo nto bayibizayo, namhlanje, abaqengqeleki abangcewele.

¹¹³ Ekuweleni kwabo uLwandle oluBomvu, waza uThixo wenza ummangaliso phambi kwabo, UMiriyam wathabatha ingqongqo waqalisa ukuyibetha ingqongqo, kwaye ebaleka ukwehla enxwemeni, ekhwaza kwaye exhuma, nokudanisa kuMoya. Kwaye iintombi zakwaSirayeli zimlandela, zixhumaxhuma, zikhwaza, zidanisa kuMoya. Waza uMoses wema ephakamise izandla zakhe, mhlawumbi ecula ngolwimi okungekho mntu wakha waliva ngaphambili, ingoma engazange yaqondwa mntu. Wacula kwiNkosi, ekuMoya. Ukuba ayingobaqengqeleki abangcewele bangoku, adazi ukuba ndingabakhangela phi. Babenemiqondiso nezimanga kunye nabo.

¹¹⁴ Ngoku, ukuba uThixo uhlonipha kuphela okusisiseko, khangela apha. UMowabhi, ngokweSibhalo, wayengokwesiseko kanye njengokuba wayenjalo uSirayeli. Wayenayo yonke into awayenayo uSirayeli. Wayenezibingelelo ezisixhenxe. Yilento eyayifunwa nguThixo; USirayeli wayenezibingelelo ezisixhenxe. Wayenamadini ahlambulukileyo asixhenxe. USirayeli wayenamadini ecocekileyo esixhenxe. Nanko uKayin no Abheli, kwakhona. Yabona? Konke kulungile. Wanikela ngeenkabi zeenkomo ezisixhenxe. Wanikela ngeenkunzi zeenkomo ezisixhenxe. Wabingelela iinkunzi

zeegusha zasixhenxe, wathetha loo nto...bakholwa ukuba uKristu uya kuza. Wanikela ngeenkunzi zeegusha ezisixhenxe, kwangaloo nto. Kanye ngokwesisiseko njengokuba kunokuba ngokwesisiseko!

¹¹⁵ UKayin wakha isibingelelo; U-Abheli wakha isibingelelo. UKayin wanikeza idini; U-Abheli wanikeza idini. U-Abheli wanqula; uKayin wanqula. Kodwa, uThixo wangqina, waqondakalisa ukuba u-Abheli wayelukhetho Lwakhe.

¹¹⁶ UThixo waqondakalisa apha ukuba uSirayeli wayelukhetho Lwakhe, kuba uSirayeli wayenokungaphezu kwendalo eminqubeni yabo. Nangona, nazo zonke iimpazamo zabo, babeneNtsika yoMlilo eyayibalandela. Babenesicamagushelo sempiliso eNgcwele, kwaye benza impiliso eNgcwele; inyoka. Babeneliwa elibethiweyo. Babenemiqondiso nezimanga eminqubeni.

¹¹⁷ Xana uYohane weza, wayenamandla angaphezu kwendalo. Xana uYesu weza, yayingamandla angaphezu kwendalo. Kwaye utshaba, kwicala elingokwesisiseko, lwahlala lutshutshisa abamandla angaphezu kwendalo.

¹¹⁸ Uyayibona into azama ukuyenza namhlanje? Into enye, "Cima impiliso eNgcwele! Bacime aba bantu! Akukho nto kubo!" Izikhulu, abantu abakhulu! "Bacime!" Mzalwana, asiyonto ingenguwo laa mdiliya, ujija ukuphumela kwiGenesis, ungena kwiSityhilelo.

¹¹⁹ Ndithabatha icala lam nabaqengqeleki abangcwele!...?... Mayibe yiyo nantoni na... Andizange ndimbone umqengqeleki ongcwele. Elo ligama umtyholi alibeka kwiBandla likaThixo, xa lingelilo laphaya. Abangobaqengqeleki abangcwele. Bangoonyana neentombi zikaThixo, bengaqondwa kakuhle lihlabathi.

¹²⁰ Ngoku, uYosefu wazalwa nguyise, kwaye wayethandwa nguyise, ethiyiwe ngabazalwana bakhe. Ngoku qaphela, umfanekiso ogqibeleleyo weNkosi uYesu. Ndifuna ukuba uqaphele indlela ubomi Bakhe nje bufanekisela, kwiTestamente eNdala, yonke into yayifanekisela ngoku. Jonga phaya emva ubone umfanekiso; naso isithunzi, kwaye uyabona ukuba yintoni na into eyiyo. Ngoku qaphela, uYosefu, engumfanekiselo kaKristu, umfuziselo weBandla, umfuziselo kaMoya oyiNgcwele. Uhlobo...Wayeyinkosana yempumelelo, kanye njengokuba uKristu eyiyo, kanye njenge iBandla namhlanje.

¹²¹ Qaphela, kwakhona, ukuba, ekuzalweni kwakhe, uyise wamthanda waza wamenzela ingubo enemibala emininzi. Ngoku, kukho imibala esixhenxe kuphela egqibeleleyo kuyo yonke imibala. Yonke eminye yenziwe iphuma kulemibala. Kwaye ingubo mhlawumbi yayinemibala kuyo, yemibala esixhenxe eyahlukeneyo, imigca emibalabala, kwingubo awathi

wayenza uyise. Ukuba uyaqaphela, mhlawumbi uYakobi akazange akuqonde oko ngelo xesha, kodwa oko kwakubonisa “Lowo Uthenjisiweyo.” Xana uThixo wanika uNowa umqondiso womnyama, imibala esixhenxe, yayisisithembiso, okanye Lowo Unqotshisiweyo. UThixo wenze umnqophiso wokuba Akasayi kuphinda atshabalalise ihlabathi ngamanzi.

¹²² Kwaye umnqophiso kaThixo kananjalo waweliswa ngoYakobi, ukuya kuYosefu. U-Abraham wayelunyulo, kwaye u-Isake wayelugwetyelo, kwaye uSirayeli wayelubabalo, kwaye uYosefu wayeyingqibelelo. Wayekokuphela kwakhe owayenemibala.

¹²³ Sibona uYesu ehleli phezu kweTrone, enemibala, umnyama omjikelezileyo, kwiZityhilelo 1. Yayingumnqophiso kaThixo nabantu. UKristu...Nantsi. Owu, indlela endifuna ukuba uyibone! UKristu ngumnqophiso kaThixo nabantu Bakhe. Hayi amahlelo; kodwa uKristu ngumnqophiso kaThixo.

¹²⁴ Njengoko uYosefu wayethiyiwe, unjalo noKristu namhlanje. Abafuni ukuthi bamthiyile uKristu, kodwa imisebenzi yabo ingqina oko bakwenzayo. Bachasene nayo yonke intshukumo Yakhe; thetha ngemisebenzi Yakhe, imisebenzi Yakhe, imisebenzi Yakhe ebalulekileyo. Ke, ngokuqinisekileyo, sinoSathana enkampini, naye, esilwa. Ngokuqinisekileyo. Kwaye baya kwalatha kumazwi kaSathana. Kodwa, andikhathali nokuba uSathana wenza ntoni na u—ukuzama ukubhidisa. ILizwi likaThixo limi ngokugqibeleleyo, kwaye isithembiso Sakhe sigqibelele. Andisokuze ndifune ukuthatha icala kwelo qela.

¹²⁵ Qaphela, nankuYa, uMnqophiso. “UKristu wayeza kujongwa njengelitye leyaspisi nesardiyo,” kwiSityhilelo. Elo yayililitye lesifuba...ilitye lokuzalwa, gxebe, ukusuka kwaRubhen ukuya kuBhenjamin. Oko yayikukubonakala kwesardiyo neyaspisi, njengoko zazibonakalalisa kunye phantsi kokuKhanya kukaThixo, zenza umnqophiso ojikeleze uKristu, umnyama. Yaye ithetha ngantoni? uRubhen inkulu; uBhenjamin, omncinane! Ukususela kowokuqala ukuya kowokugqibela, “WayenguLowo Wayekho, Ukhoyo, Uya Kuza; iNgcambu, iNzala kaDavide. UliKhwezi loKusa. Ukukusuka ku-A ukuya ku-Z; u-Alfa, u-Omega; Ukubonakaliswa kukaThixo ukususela ekuqaleni kwexesha ukuya ekupheleni kwexesha. Nanko ke, umnqophiso kaThixo nabantu Bakhe.

¹²⁶ Kwaye zonke ezi ezinye izinto, uYosefu, uDavide, bonke abaprofeti, babesisibonakalaliswe nje. Amen. Ibonakalisa, isuka kwiMbewu yenyano ukusuka emyezweni we-Eden, kude kube lixesha Ayakuza ngalo okwesibini, eseBuqaqawulini, ukwamkela abantu Bakhe neBandla Lakhe. Nantsi ke, intle ngokukhangeleka.

127 UYosefu, abantakwabo bakhukhumala kuye. “Bamthiya, kungekho sizathu,” ngenxa yokuba wayephefumlelwe ngamandla angaphezu kwendalo. Uyayifumana? UKayin wamthiya u-Abheli, ngaphandle kwesizathu, ngenxa yokuba wayephefumlelwe ngamandla angaphezu kwendalo. UMowabhi wayemthiyile uSirayeli, ngaphandle kwesizathu, ngokuba wayenempiliso eNgcwele, imiqondiso, izimanga, nemimangaliso. Wamthiya, ngaphandle kwesizathu, kwaye akavuma ukuba adlule. . .

128 [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] . . . ukuba nomfazi womntakwenu. Amen. [Indawo engenanto eteyiphini.]

129 Ngoku, zihlobo zam ezithandekayo, ndifuna ukuzisa into kwinkumbulo yenu, kwaye ndifuna niyibeke ezantsi kobambo lwesihlanu kwicala lasekhohlo, kwintente yela gumbi libizwa ngokuba yintliziyo.

130 Akuzange, nakwesiphi na isigaba okanye naliphi na ixesha, awathi uThixo waphefumlela umntu, wakhe waya kwicala lenkolo, abo babizwa ngokuba ngabantu benkolo behlabathi. Akazange ahlange namahlelo. Ngalo lonke ixesha, wema ngokuchaseneyo, ngokuchasene namahlelo aloo mini, nangokuchasene nomgaqo wenkolo lwaloo mhla. Ndibonise umprofeti omnye, ndibonise ngelinye ixesha eBhayibhileni, ukuba nawuphi na umntu kaThixo wakha wamelana noko kufane kubizwe ngokuba ziintshukumo zenkolo zomhla wakhe. Amen.

131 Kwano-Eliya, emva kokwakha isikolo sabaprofeti, ngokuba, xana wenyukayo waya apho, bafuna ukuba emke. Wathi, “Ithe tye kakhulu apha.” Uyabona? u-Ahabhi neenkokeli zenkolo zomhla wakhe; Wazahlula u-Eliya, waya kwiNtaba yeKarmele.

132 Khangela uYohane umBhaptizi, ezahlula, akazange aye nasesikolweni sabo, ukuya kufunda imfundo yabo yezakwalizwi. Kodwa, uThixo wamthumela entlango, ukuba amlungiselele umsebenzi.

133 Abesinxibo sikaKayin abazange bakwazi ukubeka ibhatyi yabo yobucawa kumntu kaThixo. Ayisayi kulunga. Injalo lo nto. Qaphela, ngazo izigaba.

134 Kwaye xana efika uYesu, akazange Abuze nakuwuphi na kubafundi bezakwalizwi, kodwa wababiza, “Iqela lamarhamba, okanye iinyoka engceni.”

135 Abafundi abazange bakhe bamelane nawo nawaphi na amahlelo abo. Babekwicala lika-Abheli.

136 UYosefu akazange amelane nabo. Wayethiyiwe kwaye waliwa, ngenxa yenjongo enye ababethiyelwe yona bonke abanye. Ngokuba, uThixo wayenaye ngendlela yamandla angaphezu kwendalo, nangendlela eyahlukileyo kunaleyo Wayeyiyo nabanye. Kwaye bamthiya, ngaphandle kwesizathu.

UKayin wamthiya u-Abheli, ngaphandle kwesizathu. Abazalwana bamthiya uYosefu, ngaphandle kwesizathu.

¹³⁷ Kwaye, namhlanje, ihlabathi lobuhlelo, akunamsebenzi nokuba likhulu kangakanani na; Ndothula umnqwazi wam, kwaye ndithi, “Ndiyambulela uThixo ngawo.” Kodwa, kuzo zonke iimfundiso zabo ezinkulu, amabandla abo amakhulu, izinto ezinkulu; nangoko, kuyo yonke loo nto, uThixo ubiza amadoda angenanto yakwenza nayo, ngokuba abasayi kumelana namandla angaphezu kwendalo. Nantso intshukumo, namhlanje; kwaye bayithiyile loo ntshukumo, ngaphandle kwesizathu.

¹³⁸ Ndeva indoda isithi ngenye imini, okwaphantse kwajika igazi lam laba ngamanzi, ukuva indoda enempembelelo, umshumayeli omkhulu womBhaptizi.

¹³⁹ Kwaye wayethetha malunga, yokuba, kwakungekho ngokweSibhalo ukuba nabani na anqule intombi enyulu uMariya. Indlela okuyinyaniso ngayo oko! Injalo lo nto. Wathi asikho iSibhalo, sokunqula nabani na ngaphandle kukaKristu. Injalo loo nto. Wathi, “UThixo wayekuKristu, kwaye kuYe kwakukho inzaliseko yobuThixo.” Injalo lo nto.

¹⁴⁰ Kwaye ngoko, emva kwayo yonke leya intle, imangalisayo imfundiso yeSibhalo, yajika yathi, “Akuzange kubekho mmangaliso wenziweyo ehlabathini.” Ngokuba ulukhuni kakhulu ngokuchasene nempiliso eNgcwele, wajika wathi, “Akuzange kwenzeke mmangaliso emva kokufa kukaKristu. Akukho namnye owakha wavusa abafileyo, emva koKristu, ngokuba yayinguYe kuphela OwayenoBomi obunguNaphakade.”

¹⁴¹ Kodwa, ndithi kuni, UYesu Kristu, uNyana kaThixo, wathi kubafundi Bakhe, “Hambani niye kushumayela iVangeli; niphilise abagulayo; kwaye nivuse abafileyo; kwaye nihlambulule nabaneqenqe.” Yiloo nto uYesu awayixelela abafundi Bakhe.

¹⁴² Bangathini abantu ukuba kangako ukuba ziimfama ngenkolo ngolu hlobo? Banengqondo emxinwa ngenxa yemiqobo yamahlelo baze babathiye abazalwana babo, ngaphandle kwesizathu. Uyayibona? Icuthene kakhulu, incinci kakhulu, bayenza ngenxa yewonga labo.

¹⁴³ Umlungiseleli omkhulu welizwe namhlanje, wabuzwa ukuba kutheni engazange alufumane ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, emva kokuba luziswe ngamanye amadoda okuma kwakhe, awayefumene ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Wathi, “Beluya kwenzakalisa ulungiselelo lwam.” Ukuba uyandixelela, nangaliphi na ixesha . . .

¹⁴⁴ Lisenokwenzakalisa ulungiselelo lomntu, kodwa ayisokuze yonzakalise ulungiselelo lukaYesu Kristu oluya kuqhutywa. Iya kuhambisela phambili injongo yolungiselelo lukaYesu Kristu.

145 Kodwa lo Mnu. Gqirha wathi akuzange kubekho mntu uvuswa ekufeni. Wathi, “Ndiyazi ukuba kukho iqela labaqengqeleki abangcwele emhlabeni namhlanje, ababanga ukuba bababonile abafileyo bevuswa. Kodwa,” wathi, “ah! Akukhange kubekho bungqina benzululwazi bayo nayiphi na impiliso okanye nantoni na eyenye.”

146 Ngoku, uyabona, nantsi ke, mzalwana wam nodade wethu. Ndifuna ukuba uyiqaphele le nto ngokusondeleyo. Isizathu sokuba oko kunjalo, sesi. Namhlanje amadoda. . .

147 Ngemihla yeNkosi uYesu, ngemihla yeeTestamente, xa abantu babekholwa kuThixo, beva ngommangaliso owenziwayo, abazange bazame ukuwungqina ngokwenzululwazi. Bawamkela. Bakhohwa nje yiloo nto, kuba babesazi ukuba uThixo wayekho.

148 Kodwa, namhlanje, iqela labangakhohwayo kubukho bukathixo lingene kwiintshukumo zenkolo, kwaye uzama kakhulu ukungqina izinto ngokwenzululwazi.

149 Kwaye mandiyithethe le nto, njengokuba iphuma eZulwini, ndiyakhohwa, ukuza entliziyweni yam. Alikho ixesha enokuthi iqondakaliswe ngalo. Ngokuba, ukuba unokumqondakalisa uThixo, ngoko akasamkelwa ngokholo; bubungqina. Siyakhohwa kuThixo nemimangaliso Yakhe, ngokholo. Ezo zinto zingekhoyo, njengokungathi zikho, ngokuba etshilo uThixo; nokuba yintoni na.

150 U-Abraham wayengenabungqina bokuba imithambo yobisi kaSara yayingomanga. Wayengenakukuqondakalisa ukuba—ukuba imibhobho, na njalo njalo, iye yakhulelwa. Bona, wayenako. . . Abakwazanga ukuqondakalisa nanye kwezi. Babengenakuqondakalisa mhlawumbi, ngovavanyo lwembewu, ukuba babechumile. Kodwa wayikhohlelwa, nakanjani na, kwaye wayala nantoni na echasene nayo, wazibiza ezo zinto zingekhoyo, ngokungathi bezikho. Ngokuba, ngaphakathi kwesigqubuthelo, ithemba likaThixo lalihleli phezu kweLizwi likaThixo, kwaye wabiza ezo zinto, ngokwenzululwazi okanye hayi, “Inyaniso, ngokuba uThixo watsho.” Nantso ke.

151 Siyakhohwa. Ngokholo siyayamkela. Kodwa, ukuba umzalwana, hayi ukuphikisani naye, andikhohlelwa kuloo nto. Kodwa ukuba umzalwana wayefunde nje kuphela ukuba indlela uPawulos waxulutywa ngamatye wafa, kwaye abangcwele bema phezu kwakhe bathandaza bade ubomi babuyela kuye. Indlela awathi uPawulos washumayela ngayo ubusuku bonke, ngobunye ubusuku, yaze indoda yawa kuphahla oluphezulu yafa, umfana; waza uPawulos wawubeka umzimba wakhe phezu kwakhe, waza uMoya wobomi wabuyela kuye kwakhona. Indlela awathi u-Eliya waluvusa ngayo usana lomfazi emva kokuba lwalufile, kwa namakhulu asibhozo eminyaka phambi koKuzo kukaKristu. Abantu, kwa nangaphandle kwentsikelelo yoMoya

oyiNgcwele, benza imimangaliso abathi aba bafo bayoyika ukuyihlasela ngoMoya oyiNgcwele. Bethu, bethu! Hayi indlela okulusizi ngayo!

¹⁵² Ngokuba? Kungokuba bekhukhumele, kwaye babathiyile abazalwana babo, kungekho sizathu; kanye njengokuba uYosefu wayethiyiwe, ngaphandle kwesizathu. Uyayibona? Wayecatshukelwa. Hayi ngenxa yokuba wayefanele ukuthiywa; ngokuba, ngaphandle kwesizathu. Babengamkholelwa. Wayephila kummandla owahlukileyo.

¹⁵³ Kwaye ndithetha oku, ngoku, njengokuba ixesha lethu liba lifutshane. Ndithetha oku ngayo yonke intliziyo enyanisekileyo. Balithiyile iBandla, namhlanje, elinamandla angaphezu kwendalo. Ngumona. Likhwele elincinane, kwaye likho phakathi kwabantu.

¹⁵⁴ Abafundi babenawo. Babeneentloni ngeziqo zabo! Ngokuba, kwiintsuku ezilishumi ngaphambili, uThixo wabanika amandla okuphilisa abagulayo, nokukhupha iidemon, nokuvusa abafuleyo. Kwaye babenenkwenkwe enesifo sokuwa phambi kwabo, kwaye boyisakala. Kwaye uYesu, xa Wehlayo entabeni, wayiphilisa inkwenkwe. BaMbuza ke bathi, “Kwakutheni ukuze singakwazi?” Akazange athi, “Ndi—Ndiye ndaxutha Amandla aM.” Wathi, “Ndininika Amandla.” Ndiyakubonisa apho WaWanikela khona eBandleni, kodwa awunakundibonisa apho Wakhe waWaxutha khona. Yabona? Yintoni uYesu awawabeka phezu kwayo aMazwi Akhe andilisekileyo? “Ngenxa yokungakholwa kwenu.”

¹⁵⁵ Kwaye emva koko, kwiintsuku ezimbalwa kamva, bafumana indoda eyayingekho kummandla wabo wobucawa. Yayimvile uYesu ezichaza ezi zinto, yaye yayiwenza umsebenzi. Yayikhupha iidemon. Kwaye uPetros noYohane beza kuyixelela ukuba kufuneka ibe yeyeqela labo okanye yayingenakuyenza le nto. “Kuya kufuneka usilandele kwaye uqhagamshelane nathi. Silibandla, kwaye kufuneka uyenze!” Yabenza ukuba bayazi ukuba mabahoye imicimbi yabo. Yayiqhubeka kakuhlana ngaphandle kokujoyina umbutho wabo.

¹⁵⁶ Ke, njengabancinci, abafekethayo abanochuku, njengokuba sinjalo namhlanje; encinci, yobunjubaqa, imbono yabantwana, babaleka ukubuyela emva bathi, “Simfumane, kwaye ebekhupha iidemon;” Kwaye yayiyintoni? Babenomona kuba wayesenza into ababengenakuyenza. Baye baba kwinyama. Amehlo abo, engqiqo yabo, babe njengabazalwana bakaYosefu, bengekakhanyiselwa, ke babuya ke bahleba ngaye, baxelela uYesu.

¹⁵⁷ Waze wathi uYesu, “Myekeni.” Amen. “Wenza umsebenzi omhle. Uyakwenza oko ndiniwesele umthetho ngako, kwaye nina nisilele ukuwenza.” “Unako uThixo kuwo la matye ukumvelisela abantwana u-Abraham.”

¹⁵⁸ Ke ngoku, bazalwana bam abathandekayo bamaWisile namaBhaptizi namaRhabe, ngokuba nicinga ukuba kufuneka ize ngecawe yenu, Unako uThixo kwaba baqengqeleki-bangwele ukumvelisela amatye u-Abraham. Injalo lo nto. Uyakuba nomntu oya kwenza umsebenzi Wakhe. Injalo lo nto. Ngako konke ukungaphumeleli kwabo neempazamo nokunye okuninzi, abakwenza, ke uSirayeli wenza kwa into enye, kodwa loo Mbewu yobulungisa iqhubela phambili.

¹⁵⁹ Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi ndingomnye wabo. Ngobabalo lukaThixo, namhlanje, singabanye babo. Ndivuya kakhulu ngayo, aninjalo? Intliziyo yam iyagcoba, ekuqaleni kwalo nyaka mtsha, ukwazi ukuba uThixo, ngobabalo Lwakhe olumangalisayo, ulifakile igama lam kwiNcwadi yoBomi, ukundinika ukuqonda ukuba ndinxulumene nabantu Bakhe abagxothiweyo. Kwaye, kunye nabafundi, ndingathetha oku, ndikugqala njengenyhweba ukuthwala ingcikivo yeGama Lakhe. Ewe, mhlekazi. Ndivuya kakhulu ukuba ndingomnye wabo.

¹⁶⁰ Kwaye ngoku siqala apha ngoYosefu, kwinkonzo elandelayo, enokuba bubusuku banamhlanje okanye ngoMvulo ebusuku, enye, kuba ixesha lethu liphelile.

¹⁶¹ Kodwa, ndiyaMthanda. Ingaba akuMthandi? Uyamangalisa. Kwaye ndivuya kakhulu namhlanje ukuba ndinokudibanisa izandla kunye nomtya omde wabadelelwa nabaliweyo, nabathiywa ngababobucawa kulo lonke ilizwe. Nabo ke. Bona ngabathobekileyo. Injalo lo nto. Ababobucawa, bethetha ngehlabathi, ngokwemfundo, nangokuthetha ngokwasentlalweni, bangaphezu kwabo. Yaye siyakuvuyela ukuthobeka. Ngokuba, abo bayakuzithoba, uThixo uyakubuya ngenye imini okwesibini, eBuqaqawulini, ukuze aliphakamise iBandla Lakhe. Kude kubengoko, “Masilwele ngokunyanisekileyo uKholo olwanikelwa kwaba kanye kwabangwele.”

Masithandaze.

¹⁶² Ngoku iintloko zethu zithotywe, ndiyamangala nje ukuba kuyakubakho na omnye kusanje, okanye abaninzi, ndiyathemba, abangazange bamamkele lo Kristu, neentsikelelo Zakhe ezinkulu namandla Akhe amakhulu. Kwaye siyazibuza, namhlanje, ukuba ungenza ukhetho lwakho namhlanje, kwaye uthi, “Nkosi Yesu, ndim. Kwaye ndinqwenela ukuba ngumkhonzi Wakho, ngentliziyo yam yonke, ukuthatha indlela nabambalwa abadelekileyo beNkosi. Ndiyabona ngoku, Nkosi, asiyiyo le nto ihlabathi lithetha ngayo; koko iBhayibhile Yakho ithetha ngayo. Ayisiyiyo le nto ihlabathi lindibiza ngayo. Bandithiyile, njengoko benzayo kuYosefu. Bandithiyile, njengoko benzayo ku Abheli. Bandithiyile, njengoko benzayo kuYohane. Bandithiyile, njengoko benzayo

kuDaniyeli. Bandithiyile, njengoko benzayo kuHezekile, njengoZekariya. Bandithiyile, njengoko benzayo kuYesu. Bandithiyile mna, njengabapostile nabo bakulandelayo Wena, ngaphandle kwesizathu. Nkosi, ndiyabathandazela.”

¹⁶³ Ingaba wakhe wafumana amava anjalo, wokuba uphumile? “Kwaye sibububingeleli basebukhosini, isizwe esingwele, sinikela imibingelelo eyiyeyomoya kuye uThixo; oko kukuthi, iziqhamo zemilebe yethu, siMdumise.” Ungema embindini weli hlabathi lisengxakini? Ungema phambi komphathi wakho? Ungema ngentobeko entliziyweni yakho, unothando entliziyweni yakho, ngenxa yaboni beli hlabathi, ngoBomi bukaKristu ngaphakathi kuwe, kwaye unike ubungqina nendumiso eluzukweni lukaThixo? Ukuba awunawo lo mava, kutheni ungaqalisi ihlabathi, ubomi, yonke into ngokutsha, namhlanje, ngokuphakamisela isandla sakho kuYe, usithi, “Mna ngoku, Nkosi, ndiyayamkela loo nto, kwaye ndifuna ukuba Undinike ubhaptizo loMoya.”

¹⁶⁴ Ngoku, Bawo wethu waseZulwini, iBandla elincinane ngale ntsasa limi, siyazi, lichongiwe, lidutyulwa, utshaba lulicinizele, ludubula iintolo zalo. Kwaye sithandazela imiphefumlo yabo enesono, Nkosi. Abazi ukuba bamfanyekiswe nguthixo weli hlabathi.

¹⁶⁵ IBandla, ngokubanzi, kulo lonke ihlabathi namhlanje; utshaba, abantu benkolo, babadubule ngalo lonke utolo. Kodwa kuyo yonke loo nto, imvuselelo enkulu iqhubela phambili. Amawakawaka abathobekileyo, abahluphekileyo, abantwana abangakhathalelwanga baye bagxadazelela kwezi ndawo, basibona isandla Sakho esingummangaliso, baye bazaliswa nguMoya oyiNgcwele. Kwaye abasengabo abelihlabathi. Bangabahambi kunye nabasemzini. Abalikhathalele ihlabathi, kodwa bafuna iSixeko esiza kuza, esiMakhi noMenzi waso unguThixo. Bawabonile amandla Akho okuphilisa, okuphilisa abagulayo, imiqondiso Yakho nemimangaliso eyenziwayo phakathi kwabantu Bakho. Izinto ezinkulu ziyaqhawuka, nakubeni kwiindawo apho bayigxekayo kwaye bezama ukuyigcina phantsi. Izicaka Zakho zingena kanye zimise imvuselelo, kwaye zitshayelela abathobekileyo eBukumkanini bukaThixo.

¹⁶⁶ Phakathi kwethu ngale ntsasa, sinenyhweba yokuba nezi mishinari abaya kwamanye amazwe.

¹⁶⁷ Omnye, uya kwaSirayeli. Owu Thixo, nantso. Thulula uMoya Wakho, kunye naye, Nkosi. Kwaye zanga izinto ezinkulu zingafezekiswa, kwaye zenze loo maYuda alusizi abhadulayo abuye. Anga angamkela uMoya oyiNgcwele, njengoko benzayo ooyise babo ekuqalekeni.

¹⁶⁸ Nanku umzalwana ephuma esiya eCuba, esiya ngaphandle eziqithini. Uthe, “Kuye eziphelweni zehlabathi.”

¹⁶⁹ Into etsalayo, itsala intliziyo yaba bazalwana. Beshiya amakhaya abo, abo babathandayo, bengazikhathaleli iziyolo kunye namaxesha amnandi eli hlabathi, kodwa baphuma besiya kwiindawo ezibharhileyo phaya; phantsi komchasi, ezama ukumisa umsebenzi. Kodwa kwanjengenkomo eyayibuyiselayo inqwelo, nomthetho phezu kwayo, netyeya yomnqophiso, zashiya abantwana bazo bekhala, kwaye zehla ngendlela, zinxakama, zicula, zisehla zisiya ngeLiwa.

SiyaKubulela ngomlungiseleli ngamnye.

¹⁷⁰ Sibona ehleli emva kwibandla lethu, uMzalwana uJohn, ngale ntsasa, kananjalo, ophuma eJamani. Indlela akhuliswe ngayo, ihlwempu. Watsala inqwelo encinane ukunqumleza isizwe sonke, eshumayela iVangeli. Enkosi kuWe ngaye!

¹⁷¹ Kwaye aba bafana, nabanye abalungiseleli abahleli kufutshane, nabo bonke abakhonzayo. Xana ndabuzayo, Bawo, ndikholwa ukuba phantsi kwexesha elifana neli, lokuba ukuba indoda okanye umfazi ebengenaye uKristu entliziyweni yakhe, ngebaphakamise izandla zabo, ngokuqinisekileyo, bebubona bonke ubungqina beVangeli, okokuba Uyinto ekwanye kwaye iBanbdla Lakho likwalinye.

¹⁷² NdiyaKubulela ngaye ngamnye. Ndiyathandaza ukuba Ubasikelele. Kwaye uphilise imizimba yabo ukuba bayagula, kwaye ubanike iminqweno yentliziyo yabo. Siphe oku, Bawo, sicela eGameni likaYesu.

¹⁷³ Kunye neentloko zethu zithotywe, masicamngce nje imizuzwana embalwa. Yiba nje semthandazweni, ngokuthambileyo.

Owokuqala ukufela eli cebo likaMoya
oyiNgcwele,

YayinguYohane umBhaptizi, kodwa wafa
njengendoda;

Emva koko kweza iNkosi uYesu, baMbethelela
emnqamlezweni,

Washumayela ukuba uMoya uya kubasindisa
abantu esonweni.

Emva koko bamxuluba ngamatye uStefano,
washumayela ngokuchasene nesono,

Bacaphuka, ngomsindo kakhulu, batyhumza
intloko yakhe;

Kodwa wafa ekuMoya, waphuma umphefumlo,
Waza waya kujoyina abanye, laa mniki bomi.

Kwakukho uPetros noPawulos, kunye
noYohane ongcwele,

Banikela ngobomi babo ukuze le Vangeli ibe
nokukhanya;

Balixuba igazi labo, njengabaprofeti
bakudala, (Leyo iseyiMbewu, itshutshiswa.)

Ukuze iLizwi likaThixo lokwenyaniso
libenokuxelwa ngokunyanisekileyo.

Kwakukho imiphefumlo phantsi
kwesibingelelo, ikhala, “Koda kube nini?”
Ukuze iNkosi ibaphindezele abenzi bobubi;
Kodwa kuya kubakho abangakumbi abaya
kunikela ngegazi lobomi babo
Ngale Vangeli kaMoya oyiNgcwele kunye
nempuphuma yegazi.

Iqhubeka ivuza igazi, ewe, ivuza igazi,
Le Vangeli kaMoya oyiNgcwele ivuza igazi,
Igazi labafundi abafela iNyaniso,
Le Vangeli kaMoya oyiNgcwele ivuza ligazi.

174 [UMzalwana uBranham uyamgqumshela, *Ivuza Igazi*—Mhl.]

175 Owu Thixo! Yiza, Nkosi Yesu! Sibumbe ngoku ngeli thuba
sithobekileyo phambi Kwakho. Thatha konke ukungakhathali
ubususe kubomi bethu, buphume kwiintliziyo zethu, ngelixa
u—ubumnandi boMoya bubonakala bunamehlo anemibala.
UThixo ethabatha iLizwi Lakhe ngoku aLinkcenceshela.
Sivuya kakhulu kuba Usifakile, Bawo, ukuba sibe ngabathwali
beVangeli.

176 Sithandazela sonke isidingo sebandla. Sithandazela
umalusi wethu oyintanda, Thixo; umkhonzi othembekileyo,
ongadinwayo, usoloko ekulungele ukuhamba. Thetha
entliziyweni yakhe, namhlanje, kwaye umazise ukuba kukho
umvuzo omkhulu olindileyo apho wabo balusi abathembekileyo
xa behlanganisana ngaphaya nabo bonke abahlangulweyo.

177 Sikelela abanye abelusi, neemishinari, namalungu oMzimba
kaKristu, kuyo yonke indawo. Sixolele ngeentsilelo zethu,
Nkosi.

178 Kwaye ngoku ukuba kukho intswelo ezintliziyweni zethu,
Nkosi, awunakho Wena, ngeli thuba Ukhoyo, usikelele? Ukuba
kukho ukugula phakathi kwethu, Nkosi, umntu othile angathi,
angene ebandleni elincinane namhlanje, baze bajonge ngaphaya
babone iKhalvari, babone apho iMbewu yenene. Apho uSathana
wayecinga ukuba angaLitshabalalisa ngokufa, kodwa uThixo
waLivusa kwakhona. Andinakuyenza nje! UThixo wenze
isithembiso, kwaye uThixo uhlala nesithembiso Sakhe.
Kwaye sonke isithembiso siyinyaniso. Usithembisile uBomi
obunguNaphakade, kwaye sinaBo. SiyaBuva. Kukho into ethile
ngaphakathi kuthi, eshukumayo, esingenako ukuyicacisa.
Owu Thixo! Embindini wenkathazo, siva ukuba kukho iNto
ethile ebambileyo emva phaya, “Hlala nje uzole.” Izaqhwithi
zisenokuyibetha iMbewu, inqanawa isenokushukumisa amaxolo
ethu amancinane. Uyakwenza indlela ngaphezulu, ngaphantsi,
ukujikeleza, okanye ukudlula kuyo, ngandlela ithile. Ke,
sengqiyame kanye eLizwini, Nkosi.

179 Ndiyathandaza ngoku ukuba kukho umntu ogulayo emhlanganweni, ukuba lo Moya, osesakhiweni ngoku, ushukume wehle ngothando olukhulu, uthi, “Mntwana waM, ndiM lo. NdinguBawo Owakudalayo. YayindiM Owazisa a—amalungu asuka emhlabeni, akubumbileyo into oyiyo. USathana uzama ukungena emsebenzini waM. Thatha isithembiso saM, mntwana.”

180 Kwaye lo mthandazo wokholo ndiyawunikeza, ndikholelwa ukuba Ulapha. Yenza izandla Zakho, Nkosi, zolulelwe kuyo yonke intliziyo, kwaye ukugula kumke ebantwini. Ndiyamkhalimela umtyholi; umtyholi wengcinezelo, umtyholi woloyiko, umtyholi wokugula kwalo lonke uhlobo. Wena uthe, “EGameni laM bayakukhupha iidemoni.” Kubunye beli bandla, nalo Moya ngale ntsasa, sikhupha bonke ububi ebantwini; ukuba sisuke apha, sicocekile, ngeDini leNkosi uYesu, njengokuba siLamkela ngokuthobekileyo.

181 Sisikelele ekwenzeni okubheka phambili. Sisikelele kuyo nantoni na esiyenzayo. Hamba nabalungiseleli kunye nabavangeli kunye neemishinari, kwiindawo zazo, Nkosi. Siphe imini ethile esiyakudibana ngayo e—ezinyaweni Zakho. Emva koko siyakubeka iindebe zethu phantsi. Thixo, bayakuba ngabazo zonke iindidi. Kuyakubakho umntu omhlophe, umntu omthubi, umntu omnyama. Sonke kunye, siya kuthi, “Nkosi, naba.” Olunjani usuku lokugcoba eliya kuba lilo! Masisebenze ngelithuba kusesemini, kuba ubusuku buyeza xana kungekho mntu unako ukusebenza. Sicela ezi ntsikelelo e—eGameni elithandekayo loNyana kaThixo, uYesu Kristu. Amen.

Zonke izinto zinokwenzeka, kholwa kuphela;

Kholwa kuphela, kuphela. . . (Yintoni?)

Zonke izinto zinokwenzeka, kuphela. . .

182 Bangaphi ababenentswelo, kwaye banokukholwa ngoku? Uya kuphakamisa isandla sakho, uthi, “Ngoku ndiyamnkela.”

Ngoku ndiyamnkela, ngoku ndiyamnkela,

Zonke izinto zinako ukwenzeka, ngoku ndiyamnkela;

Ngoku ndiyamnkela, ngoku ndiyamnkela,

Zonke izinto zinokwenzeka, ngoku ndiyamnkela.

183 Ngoku masithobe iintloko zethu okomzuzwana ngoku. Qhubeka nje, dade, kwipiyano, ukuba uyakwenza. UyaMamkela?

184 Uthi, “Mzalwana uBranham, kudala ndigula. Kukho into ebonakala ngathi andikwazi ukuyoyisa. Ndikhe ndathandazelwa, ngabantu ngabanye.”

185 Oko kulungile, mzalwana, dade, kodwa ukhe wacinga ukuba yintoni na? Seso sithembiso sincinci osinikiweyo. “Zonke izinto zinokwenzeka kuye okholwayo.”

¹⁸⁶ Awunakuphosa laa nto kanye eKhalvari ngale ntsasa? Bamba nje isiphelo sayo apha, uMoya okunike yona. Yiphose kanye eKhalvari, uthi, “Nantso i-ankile yam ibambelele. Ngoku ndiyamnkela, ngoku. Iphelile, ngoku. Akunamsebenzi nokuba kwenzeka ntoni na, khona ngoku i-ankile yam ibambelele ngaphakathi kwekhushelo, ndaye ndamnkela kanye oko ndikucelayo. Ndiyazi ukuba ndinayo. ILizwi likaThixo latsho njalo. Kwaye, Thixo, ndijonge kuWe ngoku.” Mhlawumbi ubunexhala, iingxaki zemali, nokuba yintoni na. Akunamsebenzi nokuba yintoni na, yiphose kanye phaya eKhalvari.

Kuba zonke izinto—zonke izinto
zinokwenzeka, kholwa kuphela.

¹⁸⁷ Ukuyiyeka nje ingene, kamnandi ngenene. Ingaba ayimangalisi? Eli lixesha lam lenkonzo. ILizwi lihlwayelwe, uyabona, ngoku uThixo uyaLinkcenkceshela. Akunakho nje ukuziva hla-...oko kuthomalalisa, ukuhlaziya ukusuka kuBukho bukaThixo, kusihla nje, ukuLinkcenkceshela, yithi, “Ngoku, apha, mntwana, Ndi—Ndiza neLizwi laM. Ndiyalihlonipha iLizwi laM. NdiyaLiqaphela, imini nobusuku, kwaye ndiyaLinkcenkceshela ngoku entliziyweni yakho. AwunakuNdithatha nje kwaye ukholelwe Mna?”

Kuba zonke izinto (Yintoni?) zinokwenzeka,
kholwa kuphela.

¹⁸⁸ Bethu! Hayi indlela emangalisa ngayo! Kumangalisa kanjani, ukumanziseka nje, ukuva amanzi esihla phezu kweMbewu! Yintoni? IMbewu yobulungisa, Ihlwayelwe entliziyweni yakho. LiLizwi likaThixo. Leyo yiMbewu. Lowo nguMoya oyiNgcwele. IMbewu awayithembisayo uThixo ekuqaleni. NiyiMbewu ka—Abraham, ngokuba nifile kuKristu, nize nithabathe iMbewu ka—Abraham kwaye nizindlalifa ngokwedinga. UMoya oyiNgcwele uphuma kwiMbewu ka—Abraham, nto leyo inenza oonyana neentombi zikaThixo.

¹⁸⁹ Ngoku, nguMoya oyiNgcwele lowo enkcenkceshela eso sithembiso usithabathileyo kwixesha elidlulileyo, ukuphiliswa kwakho, usindiso lwakho, uhambo olungcono, ukuze ukoyika kukushiye, nantoni na oyidingayo; ngolwahambo ukwehla ukuya eziqithini, ngolwahambo ngaphaya ukuya emazweni akwaSirayeli; ebandleni lakho, kwindawo yakho, nokuba yintoni na, ekhayeni lakho. Lowo nguMoya oyiNgcwele uthi, “Ndim lowo. Ndinawe. Qhubeleka. Ndikhokela indlela. Wena, qhubeka uhamba nje. Ndim lowo.”

Kukho ubusi bakho eLityeni;
Shiya isono sakho ukuze iGazi ligubungele,
Kukho uBusi bakho eLityeni.

Singaphakama.

Owu, phuma uye ezitratweni kunye nendlela,

Shumayela iLizwi... (Unayo into ofuna ukuyithetha?)

Yithi kuye wonke umzalwana owileyo,
Kukho uBusi bakho eLityeni.

Owu, kukho uBusi eLityeni, mzalwana wam.
Kukho uBusi bakho eLityeni;
Shiya izono zakho ukuze iGazi lisibekele,
Kukho uBusi bakho eLityeni.

¹⁹⁰ Ngoku, khangela, andifuni ukuba uhambe okwangoku. Ndifuna ubone umntu emi kufutshane nawe, xhawule isandla sakho, uthi, “UThixo akusikelele, mzalwana,” nokuba ngudade, nokuba ngubani na. Jika nje uphethuke. Lo ngumnquba omncinane omdala ongaphandle kobuhlelo. Siseluhambeni lwethu nje, abantu abangaqhelekanga. Konke kulungile.

Thatha iGama likaYesu uhambe nalo,
Umntwana wenkxwaleko nosizi;
Iya kukunika uvuyo kunye nentuthuzelo,
Lithathele naphi na apho uya khona.

Gama elixabisekileyo, (iGama
elixabisekileyo!) Owu limnandi
kangakanani! (Owu limnandi!)
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;
IGama elixabisekileyo, Owu limnandi
kangakanani!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

Ngoku wonke umntu ujonge ngale ndlela ngoku.

E—eGameni likaYesu ukuqubuda,
Ukuwa ngobuso ezinyaweni Zakhe,
UKumkani wookumkani eZulwini
siyakuMthwesa,
Xana uhambo lwethu lugqityiwe.

Gama elixabisekileyo, (iGama
eliThandekayo!) Owu limnandi
kangakanani! (Owu limnandi!)
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;
IGama elixabisekileyo, (iGama
eliThandekayo!) Owu limnandi
kangakanani!
Ithemba lomhlaba novuyo... (...?. . .)

¹⁹¹ Ngoku sisathobe iintloko zethu kwiNkosi uYesu. Ibiyintlokoma enkulu, isidlo esikhulu, isidlo sepentekoste kwiLizwi nezinto zikaThixo, kuMoya oyiNgcwele Wakhe. Sifuna ukuthandazela iintsikelelo zikaThixo kubazalwana bethu abazimishinari abaya entsimini ngoku, kwaye uThixo abakhawulezise kanye ngqo. Sikunika isithembiso; siyakukuthandazela, mzalwana, kunye nodade. Amakhosikazi

abo, abo babathandayo, cinga oko abo bafazi batyhubela kuko. Ndiyazi, ngowam unkosikazi.

¹⁹² Kubelusi abalapha, uMzalwana uJackson, kwaye—kwaye ndiyaqikelela ukuba uMzalwana Beeler ulapho emva, kunye nabanye abaninzi babelusi. UTeddy apha emva, umlungiseleli osemntsha. Abanye abaninzi abalapha, sithandazela nje iintsikelelo zikaThixo. Umzalwana osemntsha apha, osuka ezantsi kwiBandla likaThixo, esizakumbona ngale njikalanga. Sithandazela iintsikelelo phezu kwakhe, umvangeli, ndiyakholwa ukuba kunjalo. Akunjalo, mzalwana? Ungubani igama lakho? [UMzalwana uthi, “UMorgan.”—Mhl.] UMzalwana Morg- . . . [“UMorgan.”] Morgan, Mzalwana uMorgan. Kuvuyisa kakhulu ukuba nabo bonke apha!

¹⁹³ Kwaye, ngoku, ngeli thuba sithobe iintloko zethu kuYe, kwaye sikhangele. Kukho umzalwana omncinci othobekileyo omi ngasemva kwesakhiwo. Utsala inqwelo encinane, ndiyaqonda, kwisizwe sonke. Uninzi lwabo bamazi njengaye “Umprofeti uYohane.” Simbiza “Mzalwana uJohn,” khona apha. Ndandisoloko ndiyihlonela le ndoda. Kodwa, ngenye imini ndandiphezulu ndityelele abanye abahlobo bam, lowo ngumzalwana. . . UDade Jimmy O’Neal, phezulu eSellersburg. Lowo ngumkhwenyana kaMzalwana kunye noDade uGreen. Bakhona namhlanje ekuseni. Kwaye uMzalwana uJohn wayekwikhaya labo, kwaye bandixelela ukuba wayengonjani ukuba linene lomKristu awayenguye. Kwaye bandinika ubomi bakhe, bento awayebaxelele yona, nendlela awaphuma ngayo kwizilingo ezinzima. Kwaye wayenendlela enzima. Kwaye sizakumcela, ngale ntsasa, ukuba uyakulindulula eli bandla, kwaye acele intsikelelo yakhe kuThixo, phezu kweli bandla. Ungasenzela loo nto, Mzalwana Johnny? Njengoko nonke nithobe iintloko zethu. Kwaye, Mzalwana uJohn, ukuba uyakusindulula ngomthandazo. 🐦

56-1230 UYosefu Uhlangana Nabantakwabo
e-Branham Tabernacle
e-Jeffersonville, e-Indiana U.S.A.

XHOSA

©2024 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org